



# IziDungulwana

D. D. T. JABAVU

A 499-371106 JAB



African Studies Semina.

No. 63/2905

B.A. 496.371.106 JAB



This book was presented by

Estate of Prof. G.P. Lestrade

1963

to the Library of the University of  
Cape Town.





# IziDungulwana

NGU

D. D. T. JABAVU



1958

MASKEW MILLER


MASKEW MILLER LIMITED,  
7-11 BURG STREET,  
CAPE TOWN.

D63/56

Xhosa A496.371106 JAB  
63 | 2905

## Intshayelelo

IMICIMBHI ekulencwadana iqokelelwwe kumanqakwana awa-yethunyclwa ngumbhali njengeendaba zesiXhosa emaphethepheni kwisithuba esiphakathi emnyakeni we 1954 okuya wayeyekubambhela umphathi wekoleji yesizwe samaNgwato malunga namashumi amahlanu cemayile ukusuka cPalapye kwelabcTswana. Namhla nje le koleji ijikiwe igama laba yiMoeng Koleji, ukwenzela ukuba iquke zonke izizwana zabcTswana. Amanqaku wona akholise ngokuthlekisa imeko yabantu basemaphandleni belozwe nabakumDibaniso lo wethu weUnion.



## Okuphakathi

1.	James Ntshona	..	..	..	..	..	1
2.	Inkomo	..	..	..	..	..	3
3.	Unimithekiso	..	..	..	..	..	6
4.	BamaNgwato Koleji	..	..	..	..	..	7
5.	I. D. Mkize	..	..	..	..	..	11
6.	UKhama	..	..	..	..	..	17
7.	Ucoceko	..	..	..	..	..	20
8.	Imfundo Entla	..	..	..	..	..	21
9.	Izifologu	..	..	..	..	..	23
10.	Abafazi	..	..	..	..	..	24
11.	Ivenkile	..	..	..	..	..	26
12.	Mahalapye	..	..	..	..	..	28
13.	Bulawayo	..	..	..	..	..	30
14.	KweleNgonyama	..	..	..	..	..	34
15.	KwaMolema	..	..	..	..	..	37
16.	abantu bakudala	..	..	..	..	..	39
17.	E-Mafcking	..	..	..	..	..	41
18.	UkuFika komPhathi	..	..	..	..	..	47
19.	E-Bamangwato Koleji	..	..	..	..	..	49
20.	AmaQhalo esixhosa	..	..	..	..	..	51
21.	UmPhilisi	..	..	..	..	..	55
22.	AbaPhilisi	..	..	..	..	..	57
23.	Makulawule Ulutsha	..	..	..	..	..	59
24.	Ubisi	..	..	..	..	..	61
25.	IziNqulo	..	..	..	..	..	64

## IziDungulwana

MALUNGA neminyaka emashumi mahlanu edluleyo iphepha iMvo lalinombhaleli ogama lingu Irvine Mos, into yasema Zangweni, owayethanda ukuphakela abafundi amanqaku anomdla ngezinto awathi ukuzibiza ziziDungulwana zaku Centani.

La manqaku ayenandipheka kunene kuthi ckuwafundeni kwethu, endiqiniseckileyo ukuba abasaphilileyo kwabo bawaziyo bayakuwukhumula umtsalane wawo. Kuthe ke nya-kenye, 1954, ekubeni se kuminyaka mine ndagqibelayo ukuyithumla iMvo udederhu lwamanqaku achaza izinto endandizibona e Indiya (1950), ndavukelwa ngumnnqweno wokubhala izinto ngezinto ezinokuthi zibe nomdla kubafundi (ngokukodwa xa se zidibene nendatyana zelizwe labeTswana endandikulo ngomnyaka we 1954 ukususela ebusika).

• I •

James Ntshona

KUBANTU ababhalala kamandi ngezimini emaphepheni ngesi-Xhosa nangesiNgesi nabasebedlule kuma 90 eminyaka yobudala akakho ofikelelayo ku James Ntshona, inyange lethu elihlala ngascQonce. Umfo lo wazalwa ngomnyaka weNtyabontyi, eyaduma ngobuninzi bayo kwakuna imvula enkulu eyaphelisa iLanga likaQilo (1862). Zikho emaphandleni apha iintanga zikaNtshona ezingafundanga, czindikhumbuza isiqhulo somfi ubawo uTengo xa athi iindevu czininzi zomfo ongenazinkomo sisikhotha nje, ukanti inkqayi neendevu ziya bukeka kwsityebi. Ilanga likaQilo yinto engaziwayo kodwa liya ziwa ebaThenjini kuba yaayiligqirha lemvula lelozwе, ekwakukholoswe ngalo xa kufunwa imvula. IsiXhosa sakhe simandi kodwa sibukhali ngokugqithileyo xa athethisa into angayithandiyo. IsiNgesi sakhe sisulungekile.

Wazalelwа eSheshegu, waza walihamba kakhulu ngeenyawо elo lizwe ukuya eDikenі nascBofolo. Kuba nololiwe wayengetekabikho aphо. Wathi yakumiswa eQonce iMvo waangomuyc wabanqoli magama kuyo, chlala clokishini yakwaBrownlee de wafudukela kwaNonkampa (9 miles) aphо ahlala khona ngoku.

Le nto ikukuhamba uyisbenzisile ngenene, kuba ubesiya ngeenyawо cofisini yeMvo, asebenze emile yonke imini aze agqibele ngokugoduka kwa ngeenyawо. Ngowohlobo lwezigebenga zakudala czaziliggiba ilizwe namahlathi alo.

Iziphiwo zakhe ziliqela: ingoma, ukuyichana eyona talente

aphiwe yona, imfundu, nokwandisa ubuhle bekhaya. Ingoma ubeyithanda kanga ngokuba xa chambela izihlobo okanye xa chanjelwe zihlobo eyona nto yokonwabisana ngamaculo aneenoti okanye uSankey okanye iincwadi zeAnthem. Endaweni yokuleqa amabhongo amangabangaba aselwandle ezinto ezingaphaya kwamandla akhe ubehlala bhuxe kule isemandleni akhe into, athi xa abhala isiNgesi alandele esi asibona kwi "Cape Times" namanye amaphepha odidi; athi xa abhala isiXhosa asebenzise esakwaNgqika athi *akakho* amanzi, aphi abaMbho bathi *awekho*; *akuva* mntana ndini (Mbho: *awuva*), njalo njalo, kucace ukuba amaNgqika akholwa ngu *k* abaMbho ngu *w*.

Akadliseli ngokuthetha isiNgesi aphi isiXhosa sifaneleki-leyo, kanti uyabadlula kakhulu abakhumishayo bedlisela nje. Kwinfundu uzibalule ngokuthi abc ngowokuqala apha kwaNgqika ukufundisa intombi yakhe iphumelele iB.A. azc ayendiseli kwa kwi B.A.

Ulihombise ngemithi emihle ikhaya ahlala kulo cyinokoza inyaniso yokuba le nto wayifundiswa yiLovedale. Makube luyolo kuye ukwaluphalela emzini omithi miidle, yaye iyabukeka imfundu eqaqamba de afikelele kumashumi alithoba leminyaka obudala.

Ngecala lokuncipha komhlaba kubantu abantsundu bom-Neno-Nciba ubeyishumayela de kube yindinisa into yokuba makuthengwe umhlaba nophi na, kuba ingxinano kwaNgqika iyoyikcka le yekhulu labantu kwiSquare Mile nganye yomhlaba ongowabo xa siwashiya amalose. Azi angathi ni na uNkomo lo ekhe walihambela elabeTswana ukuthathela eMafcking kuye kwaBulawayo? Kaloku ehi lithe shinyi yimithi emide namatyholo nencema kwizitywakadi zelizwe clingamahlati anche ima ngedolo kwinkebhenebhc zemigama aphi iyure ngeeyure angabonakaliyo uloliwe nomkhondo anyathela kuwo de kuthi gqi entsunguzini leyo

ibala elihle elivulelwé isitishi sodwa neevenkilana ezimbalwa. Kanti ngaphaya kwezi venkile naaso isixeko esikhulu iLobatsi, iGaberones, iMochudi, iMahalapye, iPalapye (emele iko-inkhulu laseSerowe nesikolo iBamaNgwato College) ne-Francistown. Kuzo zonke ezi zithili kuphilwe ngokufuya inkomo nokutya isigczenga nenyama yenyamakazi. Konwatiwe tu.

• 2 •

### Inkomo

ISHISHINI abaphile ngalo abcTswana yimfuyo yenkomo (Cattle Ranching). Ngoko ke ndomana ndiquqa ndibuyelela kumcimbi wemfuyo. Omnye umfo undibuzile ukuba zingaphi na czam, ndaphendula ngokuthi lishumi, wandiwa yintsini, esithi ulihlwempu kanti? Mna: Hayi, yinto loo nto kuba apho ndivela khona zimbalwa iimfundimani ezifikayo kwelo nani. Yena: Thina beTswana indoda cyindoda iziva incentloni xa ifuye ngaphantsi kwamashumi amahlanu kuba umnqweno wayo usckhulwini ubuncinci. Amanye amadoda aphulula umxhaka wama 200 nangaphezulu ngokushiyana kweendevu, zaye ezi nkomo azihlali sibayeni sasckhaya phambi kwamichlo. Zintlantlu ntathu: (a) ckhaya ziimazi czimbalwa zokutyisa usapho, kunye neqela leembuzi; (b) emasimini malunga neshumi lecmayile ziinkabi zokulima neemazi zokondla abalusi, abahlala kwisakhombe esikhulu samaphempe bephile ngokutya inyama le mihla ngokuzingela

intlobu czininzi zeenyamakazi; (c) kude emathaanga (cattle post) malunga nama-40 nama-50 eemayile endle czintabeni ilapho cyona bhanki yamadoda anqum emagxamesini apha indoda nganye inama-400 kuye nasewakeni; yaye inyanzelekile ukuya ikhwelc inkabi evileyo yehashe mhla iya kuzivelela. Ndihleke ndalala ndakubaliselwa ngenye yaloo madoda eyayithe yaya ngelori yayo yafika ziikrwada kukundweba, zabalekela entsunguzini ychlathi, yoyiswa nakukuzibala iinkomo zayo, yazixolisa ngokubamba enye qha yayixhela yayiphosa elorini yagoduka nomlu lowo yawu "mawusa" elalini.

Oku ke kukuthi ngumsebenzi othe nkqi nothabatha iiveki czilinani ukuhlola iinkomo czisemathaanga, kodwa unecala climandi elokufika kweKrismesi. Ngethole elinye elithengise nge £15 umnininzi wenza izinwe czivuyisayo kuba unxiba umfazi nabantwana, asasaze iizwitisu namajikazi namacuba, ufile kuyolile emzini womnumzana ziikofu namaxamba eswekile. Hi nje?

Phofu ma ndiyithethe nento yokuba ngecala lamanzi clilizwe libharhile kanye. Imvula inqabe ngokwenene. Kwezi nyanga zimbini ndafikayo apha (June 1954) asikaliboni nethontsi, kanti iincwadi czivela ekhaya eXesi zibalisa ngobuninzi bemvula namaqhwa. Apha ayikho imilambo ebaleka amanzi; nto ikhoyo zizadunge zemikhenkenene cyomileyo ebonisa apha amanzi abaleka khona mhla yana (yekani ukuthi "mhla yanetha"). Impahlia isezwa ngamapitsi akhuphela amanzi kumadai amakhulu nje ngakwaKhayakhulu kuNkosi Shadrack Zibi ezweni elingekude kuya phi apha, nelifanayo neli. Khangela encwadini ethi "UKhayakhulu" endayibhala ngowe-1929 nesafumanekayo.

Ixabiso lenkomo liyaqondakala kakhulu kule sinala ndihambale kuyo, iBamaNgwato College, Palapye, Bechuanaland Protectorate kuba ifuye umhlambi wama-400 alinganiselwe

ubungakanani bedlelo lazo elibiywe ngocingo. Inani lazo ligcinwa lime kuma-400 ukuze umincono uthengiswe. Ngoko ke yonke iminyaka le zimana zikhethwa ezindala kuphungulwe yonke imiqhiqhiba, kugcinwe imibofunga enenyama namasi, kulunyukelwe okokuba ingca le ingakhuthuzwa ziimbityo eziphelelwe lixesha. Nje ngoko indlu yePrincipal isendleleni evela edlelweni, umhlambi wesinala le uthethu wakuthi gqi usiza ediphini, ndiwubona ngefestile xa ndisitya idinala, ndaqabuka sendiyiyekile nento ebendiyitya ngenxa yobuhle bale mfuyo. Kule nyanga idluleyo apha kuphungulwe ama-23 alayishwa kuloliwe asiwa eRawutini ngentengiso kwazuze ka ama- £324 afike ngetsheke kum esandleni. Olu phungulo kukuqingqwa kweenkombo (Stock Limitation) ukuze umhlaba lo umimitheke uhlaziyeke (Rehabilitation) lolu Qingqo-Mpahla. Apha kwelabeTswana le nto ayenziwa ngalunyanzelo lwakwaRhulumente, koko ngengqondo yamadoda ame kumhlaba wawo efuna ukwanda inyama namasi, yaye nesinala le ixhelelwa kuzo inyama, isengelwe nobisi kuzo.



• 3 •

### Umimithekiso

NGENXA yokunqongophala komhlaba amadoda athile eXesi axoxa csiwa evuka nawo lo ncimbi wokuhlaziya ilizwe nokwandisa amasi ngomnyaka we-1923 engekabikho no-Hertzogo uqobo. Into cyayikhathaza ingqondo zethu yingxi-nano ebangelwakukuthengwa kwelizwe ngabelungu ukususela cDikeni kuye eNxuba ede kwaakho kubo nentombi engendanga enengxizakhwe yefama iyodwa clingene kukumiwa yilali enkulu yamaXhosa sibona nokuthi abantu banda ngokwentothoviyane, ube umhlaba wona ungandi. Oyena mntu wayivulayo ingqondo yentlanganiso yabalimi (eyayilwa ngowe-1918) nguDaniel Time umTshonyane waseNcera owathi xa elobola emaSukwinini aseBalasi wathenga izibulekazi lemofu cyintsengwanekazi czalisa i-emele ngobisi oluqhele ukufunyanwa kwishumi leenkommo zesiXhosa eziza-qhakra. Lo myeni wazuza impendulo emandi kumaSukwini ethi ancle leli khazi, nanko umfazi, kuba eyona nto ifunwayo ekhazini lubisi oluzalisa i-emele.

Thina balimi sayiqonda loo mini le nyaniso (fact) sazi-phungulela ngokwethu iinkabi zokulima, sazandisela cziscengwayo. Kubonakala ngathi nguRhulumente owafunda kuthi, koko yena wangenisu amagunya kaSenza namagama anezothe esiNglesi (Limitation, etc.) atsho amaAfrika abhenq' amatshoba ukuwacaphukela. Thina asisebenzisanga magama, sisebenzise ingqondo.

• 4 •

## BamaNgwato Koleji

NGOKU ndiza kuchaza ummo wesi sikolo sabcTswana becalasentla amaNgwato kaKhama. Yindawo ebukekayo esisangqa semayile ubude nobubanzi. Irhawulwe ziinduli macala onke. Esazulwini libala elibanzi lemidlalo yeeFootball neBasket Ball neTennis.

Phantsi kwenduli ezi zizindlu zeetitshala nezamasinala: iholo yokutycela nevenkile nesixeko sabasebenzi abaqeshwe yisinala le.

Iinduli ezi ngamahlathi ashinyeneyo nezigxa, apha zifele khona inyamakazi zeentlobo zonke. Kanyeniva kwendlu endilala kuyo kunyakaza imihlambi yeemfene ezigquma njalo emini, neenkawu. Lilapha ixhalanga isangxa endisibone sidutyulwe kutsha nje ngumngqamsholo apha omaphiko angqangqasholo anyawo zintandathu ususuka kweli phiko kuye kweliya, umlomo luqozolo oloyikekayo. Lubulewe luhethethe inkukhu enkulu ngezo nzipho zifana neentsimbi zase silarheni, kuba luya yichola imbila nokuba lithole lechagu.

Banemipu bonke abantu abaNtsundu kweli kuba liphethwe yi England, le balwela yona xa bewelile, apha thina siphathiswa imihlakulo yodwa yokumbha iindlela.

Intaka eninzi apha ngumkholtwane, intaka engathandekyo kuthi maXhosa, ede sanesafobe sentetho ethi “umthezane womkholtwane” ngenxa yeshwangusha layo eliyelele kwelesikhova. Efestileni yam kukhala iintaka endingazanga ndaziva nase Rabula nase luGanda.

Nje ngoko amanzi ethu atsalwa ehibini elingasentla kwenduli yethu, kudlula ecaleni Iczindlu zethu yonke into cfuna loo manzi, ebusuku ngamaphuthi, yimivundla, ziimpungutye, zinchukachweya; emini ngamahlosi nengwe, nempangele, umntu onompu utya inyama le mihla. Ngenxa yokunqaba kwamanzi kukhe kwabonwa kutsha nje ingonyama czimbini zinambuza ngongqameko, zaya kusela phaya edamini, zadlula zingchlanga czincotsheni ezi zeenduli, zasingisa kwelase Ntla kwa Bulawayo; emithini kuphithizela iingqumeyea, neenyhwagi elingatshoniyo singa zibonanga.

Esibhakabhakeni phezu kwesi sikolo kugqushile yindlela yec Aeroplane czisuka cJohannesburg zisiya cNairobi nase luGanda.

Ngenye iCawa xa kanye inkonzo iphakathi entshumayeweni kwavakala imikhwazo ekrakra yabantu abasukelisa inkunzi yeqhude elinga ngenkomo, isixangxathi, esimpondo zizithwexeba, ebe lihle endulini lisiya edamini cliya lamanzi, lajikwa ngabasukelisi balo lagaxeleka eniabaleni la cFootball yesikolo.

Amakhwenkwe akabanga nakunyamezel a ukulinda ufcfc, atsiba ngeefestile ethelela ngawawo amaye-ye-ye, kwayiloo milimokhwe kusukelwa inyama yefele-fele.

Kweli, isuke yothuke se iphakathi kwabantu inyamakazi, kuba zonke iilali kwa nesi sikolo, libalana nje entsunguzini engenasiphelo yemigqomo-gqomo yemithi ye ndalo ka Yehova okoko imoto iphumileyo esitishini sase Palapye kuma 54 eemayile, nesi sitishi ilibala elikroloncwe czintsunguzini.

Phantsi apha yimingxuma yamabhenya, namahodi, nama-gala, yimihoho ma yeziduli ezinobugqwangu no Qumbu (inkosi yazo entloko apha ingathi yisali). Zibulawa apha iintlwathi (pythons) neNamba (uhlobo olukhulu luka Dlczinye), zaye izikhumba zazo zithengiswa ngemali cninzi kumaxhwele athi wona enze amayenza obuthi.

Iinkuni ziqokelelwa phambi kwekhitshi; ifele apha imithi. Uphi umcheya, nomizane, nomsintsi nomkhoba, nomgxaam, nomhlakothi?

Olu hlanga lwalapha amaNgwato akayikhathalele kuya phi ijoyini yokuya emigodini kuba uThixo wawapha iinkomo. Ubizwa ngokuba lihlwempu umntu onkomana zilishumi. Indoda apha yenamakhulu amabini namathathu, izityebi neenkosi ziphutha-phutha iwaka. Ndisa tshaya, Lawu ndini.

Ndikhe ndee tsu okwempela-veki eSerowe (Siruwe) (80 cemayile) esisesona sixeko sikhulu emaphandleni kubetTswana. Abantu baso ngama-25,000. Imoto apha icotha okwefhashi ngenxa yobugosogoso nezizingqi zezitrata.

Sisizikithi (capital) selizwe lamaNgwatho. Kambhe zihlanu izizwe czikhulu zabeTswana: esiphambili ngamaNgwato nesebe lawo amaTawana ayamene neRhodesia entla, ibe ngabaKwena czantsi kwabo (isizoozo sooHermanus eTranskei), ukuze czantsi kwabo kubet ngabaNgwaketsi. Ezilandelayo ngabaKhatla, nabaThlapini nabaRolong malunga neMafeking; zibe kho czinye ezi—6 apha naphaya.

Ukuphuma esikolweni esi sethu ndikhwele emotweni yegqirha, sajonga entshonalanga ngecalu lePhalashwe (Palapye), ekuthe sakuggiba iniigama ema-40 sayinqumila indlela kaloliwe ovela eMafeking, eya ePalapye nakwaBulawayo, senza amanye ama-40 ukuya kufika eSerowe.

Yonke le ndlela lihlathi elinye elizeleyo ziinyamakazi.

Uggirha lo uhambu emisa edubula into etyiwayo engaba inqumla indlela, kodwa wawaphosa onke amaqhude, noko ndaalusizi kuba se kukabini ndihlonylelwa inyama yawo ngabaqeshwa basesikolweni abawabulala emazimbheni la ethu.

Ngokunjalo uwaphosile namabhadi neembhabala. Asisithi-xo abasinqlayo (totem) nesizilwayo. Mna andiwazili. Sifike iSerowe iyindawo cyayamene neentaba.

Iingonyama zikhholwa ziintaba. Sifike kusithiwa kubulewe ezi-8 ngeveki edluleyo ngabazingeli abazizondayo ngokutya iinkomo zesixeko esi czintlanti ngobusuku. Enye ebixnhwelerhiwe ijike nomdubuli yafa imsinalalisile yena. Bathi yinto yayo ukufa nendoda xa yenzakaliswe, kuba isuke ibe ngumlilo yakushiywa nenxeba.

Nje ngoko ndifikele endlwini kaKumkani Khama wafamlibe (1830—1923) owayeyinkcani ngompu, ndaalame phantsi eSitting Room isinanabesha sekhaphethi yofele lwenkunzi yengonyama nesinchi salo, enconywa ngokuthi ngowona minweba ubukekayo eSouth Africa kweyaziwayo.


Indlu le libhotwe elizixelayo ukuthi leloKumkani u“King Kgama”, climagumbi ali-12, elakhiwe ngamatyc odwa, lajikelezwa ngeVaranda kwa ngamatyc macala onke. Amanzi eza ngemibhobho eBath Room nasckhitshini. Lizulwana, wena. Nto clambathayo ziigadi. He!

Ngenxa yokunqaba kwamanzi, uKhama wafuduka efudukile nabantu bakhe kwa kudala esesbomini. Emva kwemfazwe awazilwayo wazoyisa zamaBhulu namaNdebele kaMzilikazi (owayewantsuliswa nguTshaka kwaZulu) waqala weema eShoshong, abantu besosixeko ngeloxesha bengama 30,000.

Imithombo yamanzi yasuka yatshitsa kwaalicimi kuku nyathelwa ziinkomo, nokutshiswa kwelihlo lilanga. Wayincama loo ndawo wafudukela ePalapye (90 cemayile) indawo eyayinamanzi ngoko. Kodwa nalapho afifingeka aphela kwa zezo zizathu, weza kugxumeka apha eSerowe amanzi csabaleka iintlanjana (ngabula maZangwa).

Ngc sel'ephelile nalapha, koko kuncecede ubuchule bamburgwa akwaziyo ukumbha iiBore-Holes, kanti nawo akakayazi imfihlo yamaJuda ascJerusalem, wona alakhela inqugwala lanatyce ilihlo lequla khon'ukuze lingafikwa yimitha yelanga.

Ndafika kunjalo eKana naseJeriko equleni likaElisha, nase-Nazarethe kwelikaMariya. Kufuneka elo cebo cMvuži (Mt Frere) nasemaXesibeni (Mt Ayliff), hi njc?



• 5 •

I. D. Mkize

KWESI sithuba ndiza kukhe ndiqhawule indawana yokuthi imbangi yokuba ndihambele kweli lizwe kukucelwa ukuba ndivale isikhundla somlungu othile orhoxileyo esitulweni sokuphatha isinala le yamaNgwato. Esi sikolo semiswa ngonyaka we-1949 nguTshickedi unyana wesibini kaKhama okuya wayebambhele uSeretse indlalifa ezaalwa ngumkhuluwa wakhe uSekgoma.

Kuthe akuphuma umifo omhlophe kwanqwenclwa ukuba kufakwe umAfrika, ekungathi xa kubanjiswe kwa umAfrika

igude indlela yelo cebo khon'ukuze amagwangqa ekomiti clawulayo athozamiseke. Okunene kwinyambhalala yamagama abeziggatsile kwa phumelela uMkize lo owayekade edume kwa Langa eKapa. Amabala ale ngwe ngala, B.A. (London), M.Ed. (S.A.), L.C.P. (London), N.P.H., Hoër Taalbond, Xhosa III, Zulu III, Latin II, Psychology II, Ethics II, Sociology I, Commerce I, Social Anthropology I, English History I, Southern Sotho I; iminyaka efundisa 32, athe waseka noLanga High.

Uya vuya uMkize ukushenxa kwingxoboshishi yoku guqulwa kwemfundu endala yethu. Okokwam ndiza kwanelu ukumfaka nje endaweni yakhe ndimqononondise ngemeko yonke, ndigoduke nje ngomntu owufezileyo umsebenzi ebe ndibizelwe wona. Phofu sikho kwabathile kwa lapha isikrokro sokuba noko nge ndikhe ndiqqibe unyaka ndikunye naye, de siyondelelane isidudu semfundu yeli lizwe; koko andivumanga, nakubeni be ndise ndisiqhela sona isitulo, se ndinazo neemfele zamakhwenkwe asixhenxe endawalalisa ngezisu ndiwakatsa ngomphindwa wenivubu xa ebeqhuba isitrayika. Abazali bandibulele, besithi sikholwa kukuba akatswe kunokugoduswa, kuba madala asisenakho thina ekhaya ukuwakatsa, alungele izikhwenkxe zeetitshala. Ngxatsho.

Ma ndinga yifihli into yokuba kumandi ukuphatha, bazalwana.

Kaloku ndiya qala ukuphatha. Ndimana ukothuka xa kukhahlelwa kusithiwa A! Principal!! Kuthulwa iminqwazi kungcucalazwe ngamadoda, abafazi bona baguqe ngamadololo kumHlekazi ondim. Kuyolile, wena, apha.

Apha eSerowe (Siruwe, ngemvakalo) ndicelle ukuba ndiboniswe inchwaba likaKumkani Khama nje ngoko wafela apha ngowc 1923 xa akuma 93 obudala, lo nyaka ndanchwaba uDaniel Dwanya eXesi. Idlaka eli lise mibhoniselweni ebuke-

kayo encotsheni yentaba cyclele kwisikhumbuzo sika Somgxada (Dr. James Stewart) eDikeni, koko lona lititinishwe ngobu chule obugqibeleyo, ngokwenzelwa isitrata esihle sothango lwamatye esingenwa ngesango elitshixwayo: indlela enyuka intaba le ijikeleziswa kamandi. Indawana elibunzi yakhelwe amabanga czituphu (steps) zokunceda abantu abahageleyo ukuze babeke iphika.

Uhambo lokungena apha ndiluthathethe ngokohambo olufana nolwase Bhetani ukuya kwi Ntaba yemiNquma (encwadini ethi "E-Jerusalem"), uhambo oluyinkonzo yomthandazo wobu Cawa okanye wobu Tempile. Ndizikhangelele ngokomntu onchwaba uKumkani Khama namhlha, kunye noinfana obekhutshelwe ukundiphelcga. Encotsheni phakathi kwamatye abaleka imbila czininzi nookroqotyeni sigaleleke ebaleni elibanzi elibonisa onke amacala esixeko esi se Serowe.

Emva kokuphumla ndithe kumfana masiguqe ngamadolo silume ekhubalweni clingu Ychova, ndatsho ngomtyangampo ofana noka Sigila ecaweni yase Nxukhwebe, ndibulele inyhweba nembeko yokunchwaba uKumkani Khaina ingxwenga yegorha lase manyangeni; saqukumbela ngesikhungo, saphakama. Emva koku ndifunde amagama abhaliweyo kwelo phokomela lamatye agudiswe akhazimla athi, "HERE LIE THE REMAINS OF KHAMA, 1830-1923. RIGHTEOUSNESS EXALTETH A NATION."

Phezu kwentloko yclitye lakhe eliphaya phezulu kubekwe ngcu inkunzi yephuthi elityebileyo elibunjwe ngobedu (bronze) olubengayo yinchibi yaphesheya. Eli phuthi lijonge eMpumalanga. Ngumbono onguimmangaliso lo, zinkosi. Idlaka eli lipahlwe ngamanye amabini, (a) clonyana wakhe omkhulu uSekgoma (1862-1925) uyise ka Seretse lo uhlala nomlungukazi. (b) clomka-khe uSimani (1879—1937) un'aka Tshekedi. He!

Ndilele ubothongo boxolo yile mibono ngobo busuku bomGqibelo 25.9.54, ekuthe kwallandela imincili yokuvukela enkonzwensi eseCaweni eyakhiwa nguye. Nje ngoko ndiwa fundile onke amabali akhoyo abhaliweyo ngaye, andikholwa ukuba ikho inkosi yomAfrika ekhe yagqoboka liliZwi lika Thixo ngaphezulu kunoKumkani Khama. Endiyiqondayo efikayo kuye nguWelem Kama, uXhanti eXesi kumiJadu yamaGqunukhwebe, owemisa ityalike enkulu (endihlala ecaleni layo) yamatye enyengane ngama £3,000 ngeenkomo czabethwa ngamaGqunukhwebe ngowe 1877 (Nchay'chibi); naantso phezu kwecbhulorho kaloliwe eXesi.

Apha eSerowe uKumkani Khama weenza ukuba kume umtyebelekende wetyalike yamatye cbala elibonivu-qumrha, busabhunge, ngama £10,000 awabethwa ngeenkomo zama-Ngwato ngowe 1912. Xa ndizithlekisa le iyiginya kabini ngombilini eyaseXesi. Phofu igalelo leenkomo lona liya lingana kuba ubuninzi bamaNgwato buwaphinda kathathu amanani amadoda "angubo—zilubhelu".

Kha umc ke apho, Sukwini!

Ityalike ka Kumkani Khama imi endulaneni ngohlobo oluyelele kwi Cathedral yase Rhini, yaye ifana neka Mbopa eMonti ngommo wayo wokuxanda.

Inezitrata ezine zezihlalo zabantu, phantsi kophahla olubanzi ngaphezu kolwakwa Nonzwakazi kwa Gaga eDiken, uphahla olungeckechezwe ziintsika czingqingqwa zamatycezikhumbuza ezeTyalike yoZalo luka Yesu (Church of the Nativity) eBetelhem yaseJudeya.

Inkonzo yeCawa endiyivume apha indibonise ubugqoboka obunzulu obukhwankqisayo endabugqibela ndingumintwana ngeemini zoopamla, nooVeldtman Bikitsa, kusagqojokiwe ngenyani emaxhoseni, kusabaliswa (sisiva bethetha ooTata bethu) ngooNtsikana, nooTiyo Soga, nooWelem Kama.

Ndiphawule nokuba zisekho iinkonde zamaqongqolo amadoda awayemazi uKumkani Khama ngenkqu, neemazi czinwele zimhlophe czithwele iikepu zakudala entloko, czabuthabathela kuye ubukholwa. Aba bantu badala bebe baninzi, batsho ifuthe likaKumkani Khama livakale nanamhla ngobunzima balo.

Kuthe xa iphakathi inkonzo ndeva ndivukwa lufefc lwama Wesile, ndazibamba ngeenkophe iinyembezi ngokuka Godlo eMonti, ndiqonda ukuba nge ndizigibiselle phaya esiguqweni okokuba bekubizelwa ngoko Manyano lwama Dodana; koko ndafa namthanyana kuba ibandla lalapha i "Lonton" (London Missionary Society) liyelele kwiRabe neTshetshi aphi intendelezo ingasondelwayo. Kaloku thina kwaDyan igudlwa nayimikhuthuka.

Hayi bo, kuyashunyayelwa apha; amadoda athulula kugadla. NoTshekedi lo owafunda eFort Hare uyanza neqonga, into leyo ebunqaba kulutsha olufundileyo lwezi mini olulangazelela ukulandelwa emicimbini yezentlalo kodwa abasuka bayifake emathangeni intloko emicimbini yeLizwi. He!

Phandle ekuphumeni ndaziswe kwindodana egama lingu Khopo, ekuuphela kwayo engumntu ontsundu kweli okumgangatho wobuMantyi (District Commissioner). Aku-kho mintu wumbi onje eLusuthu naseSwazini, ndingasathethi ngelethu aphi sasithenjisiwe nguTsalitorho okokuba phaya eTranskei soba ziimantyi, kodwa kwathi akuvela umntu oziphumcleleyo zonke iimiviwo zobumantyi eMthatha wasuka uRhulumente wamlalela umdlalo wabantwana u "ndikuphe" uMana ka Mboli, ingqangula yomthetho, wathi ma kabe ngumtshutshisi phantsi kwemantyi emhlophe, endaweni yokuba yimantyi ngokwakhe.

Apha kwelama Ngwatho, eliphethwe yi England, angaba yiyo ngenyani. Okokuba be ndisemtsha nge ndifudukela kweli kunye nosapho lwam.

UGodlo yena wayendiyaleze ukuba ma ze ndiwakhonzele amaXhosa kweli. Ngathi se kunjalo kuba emva kokuthetha no Kgopo ndiqubisene nomXhosa oqeshwe apha eOfisini yaseSerowe, esithi maninzi amaXhosa esapha eMahalapye (45 eemayile) athe akuzicelela indawo kumaNgwatho aphiwa umhlaba wokulima ongenasiphelo, inkosi isithi ma kalime aycke ngokudinwa kweenkabi.

Ngoku aneenkomo zaho emathaanga ezisemakhulwini, atyebile, inzala yaho se ithetha isiTswana. Ndiya nqena ukuwakhankanya ngama gama, hleze ndiwavusele iPoll Tax esaphandwayo emakhaya, hi—nje?

Ma ndibuyele kweli nqaku, ndithi, kule ndlu ndifikele kuyo kaKumkani Khama kuzele elongweni yimifanekiso yakhe yobutsha esakhwela inkabi yehashi elidumileyo u “Jojindlela”, intsaduba cephaya ekuthiwa yayisiphula amatyholo akuyiphalisa; neminye, ngokuya wayehambibe ku Queen Victoria eLondon enoSechela iKumkani yabaKwena, noBathoen (Bathweni, Bantwini) cyamaNgwaketse ngowe 1895 nyakana walifaka ckhwapheni lamaNgesi izwc lonke labaTswana phezu kongaquo wokuba zonke iziselozinxilisayo zabelungu zivalcw, nje ngoko egqibile ukubutshitsisha utywala besiNtu. Yiloo nto lo mhlaba ingowabantu nje.

Ma sibuyele kumnyaka wc 1895 oko uKumkani Khama wayewelile walnikela kuQueen Victoria ilizwe lakhe ukuze nje lisinde ckulawulweni yiKoloni yaseKapa. Uthe elapho phesheya wamenywa luManyaro loluTsha olungabaZili (Young Abstainers' Union) lwaseEdinburgh kwisidlangu langalala sentlanganiso eyathi yazoba uxwebhu lwentetho encoma isimilo sakhe sobukholwa nokuchasa utywala.

Intetho iqhubc yathi, “Siyavuya, simbulcela uThixo othe wakwenza wayiqonda ingozi yeziselozinxilisayo, wabangu-mzckelo ngokwakho kubantu bakho, kwanokubuthintela utywala ezwensi lakho”.

Kwa kwelo xesha wamenyelwa enye ingxwabilili yentla-  
nganiso ngumbutho wamaNina angamaKrestu oZilo (British  
Women's Christian Temperance Association of Scotland)  
nalo labhala ngokuyelele kule ingentla. Zombhini ezi ntetho  
zizotywé ngobhalo oluhonjiswe ngamabalabala zaze zaxho-  
nywa eludongeni lwalo mzi wakhe eSerowe. He!

. 6 .

### UKhama

UKUMKANI Khamia lo emifanekisweni ubonakala elufafa  
oluphaya, ebuncipha ngokuka nkosi Shedi Zibi; ubuso  
bobomntu onomsa, ofihle uncumo ngamaboin; amehlo  
ngathi ngawe zilenzi.

Bathi abamaziyo ngobukhalipha bakhe waycyinjabavu  
engena ntanga ekulweni kuba ingonyama ubeyihlasela  
eyedwa ayoyise ngompu engena ngebhe; ezimfazweni  
ezininzi wawoyisa amaBhulu asc Transvaal, wawoyisa  
namaNdebele ka Mzilikazi, cligorha eliyelele ku Maqoma  
(Injalatya, uNompondwana, uJong'ums'obomvu, uPhunguza  
nampofu, uSijorha soNothonto, Desh'eneqhubu) inkosi  
yama Jingqi cyancainisa amaNgesi.

UKhama wathi kuVitoliya, "Andinaluvalo ngamaBhulu  
namaNdebele, kodwa ndiya boyika utsywala kuba bujika  
abantu babe ziindimoni," kon'ukuze nje buvalemwe utsywala  
czweni lakhe. Phulaphula wena ulaziyo ilishwa clawa phezu  
kwamaLawu ascKatala, angenamhlaba ngoku. Kodwa

uSathana unamandla, madoda,  
kuba mna apha ndibona inzala  
yesi sizwe izimisele ukubuyela  
ejiphete emithayini, ililisela ngo  
“Bhelu lomsele, Umabil’eba-  
nda, Udl’omdlayo, Ujongwa  
liphela. Ntombi ka Ludiza  
uya ndithanda na? Noko  
ndimbi kangakanana kukuza-  
nyiswa emphanden i ngengalo  
engqombho ngucumse namakhwapha anukayo?”



UKhama yena ubashiye nclifa eliyinqobo abantu bakhe,  
umhlaba onetayitile ka Vitoliya ngesiqu, efana neziya  
zafunjathiswa iinkosi zaseluganda nguSir Harry Johnston.  
Kakade liliphi ilifa elidlula umhlaba? Akuqondi na wena xa  
abantu base Sophiatown bebhunyulwa iiFreehold Titles  
abazithenga ngeemali czinkulu kusithiwa mabafudukelc  
clalini esethafen?

Inyange eli uKhama lalizonde ukusiphakamisa isizwe  
ngobutyalike, esendibuchazile, nangemfundo ngesikolo endiza  
kusichaza. Uphulaphule ke, Chwama.

Uthe akusithela uKumkani Khama imfundo le yaqhutylewa  
phambili ngu Tshekedi umyana wakhe wesibini owaye-  
bambhele uSeretse ozalwa ngumkhuluwa wakhe uSekgoma.  
Kambhe into entle inomntu oyimbangi, kuba uTshekedi lo,  
owayeyalezw nguyise, ufana nomntu ovalungiselwelwa  
nguThixo okokuba amise le sinala.

Wafundiswa nguyise eLovedale naseFort Hare (1923-1925)  
elityendyana clinchiphileyo, czithobile umntswana wabantu,  
eyisela emthonjeni imfundo, nathi siqonda ukuba kusela  
ithole lesilo. Esinaleni umfana ophuma ekhayeni clinengqc-  
qcscho simqonda ngolusu lobuso, nokuziphatha.

UTshekedi wayecacile ukuba uthathe uyise ngobulumko bendlalo, yaye loo minyaka inezigebenga, ooIsrael Ntsihlele eFort Hare no Isaiah Mkize eLovedale. Lo Ntsihlele ngulo ungu I. Alexander eDurban odume ngokuba ngoyena mAfrika umemali cyimfumbha kweli lomZantsi. UMkize ngulo ndishenxele yena, ozinqulo zithi: Mkize, Gubela, Mbho, Khalazela, Gcwabe.

Oko kukuthi uTshekedi uvelise iziqhamo ebhadlile nge-mfundu ezalwa, engenguye umxhoxho wovuk'endleleni, mzalwana.

Enkundleni kayise eSerowe washumayela kakhulu esithi ma izaliswe injongo yexhego, yokumiswa kwesinala yesizwe samaNgwato; zabethwa kwa oko ke iinkomo zenza ama £200,000; Iwangena unyulo lwendawo, kwanyulwa eyona inamanzi amaninzi czindulini, iMoeng le. (Phawula infundi ukuba isiXhosa sakwaNgqika asithi "ulonyulo", sithi "unyulo".)

Apha ke amaNgwato agxumekke izindlu ezibukekayo zokufundisela nokulalisa amakhwenkwe namantombazana anokufika kuma 300 edibene, nezootitshala, nezezicaka, kwa nevenkile.

Yonke indlu elapha ifuziswe kuimgangatho wabelungu, khona ukuze xa kuqeshwe umlungu angene onwabe, ngo-kunjalo nakumAfrika ochubekileyo, hi-nje?

• 7 •

## Ucoceko

UNKOSI Songo Kama wakha wandihlekisa ebalisa ngokuba oko wayc ngumntwana oyinkwenkwana waychlala kumfundisi omhlophie wase Rhini esitya nabantwana bakhona esenza yonke into ije ngomntwana walapho.

Inye into eyayisisahlulahlobo, yayikukuba wayengavunyelwe ukuba asebenzise umzi wangasese wabelungu; loo nto eyiqononondiswa kabukhali ngawo onke amaxesha. Kuye kwaya, kwaya, nam ndada ndayiqonda into yokuba cyona ndawo bahluke kakhulu abantu abantsundu abachubekileyo kubelungu kukuba thina siwaphatha ngolunye uhlobo amagumbi angasese; siyoyiswa kukuwahombela.


Ezidolophini czinkulu ezitishini zakwa loliwe indawo nokokuba se intle kangakanani na, ijikwa ngosuku olunye sithi ngobuxclegu obuncamisayo, inge yihoko eyakhelwe ingulube.

Asisathembekanga, mawethu, kwelinqanaba. Kungenzeka nokuba isusela kule nto iApartheid yokuba sishenxiswe kubelungu. Andazi. Bambalwa kuthi abakwaziyo ukuyihombela iW.C. ephandle eyadini, kube ngamahlazo aziintloni xa iyeyamanzi phakathi endlwini, owofika bekhwela ngeenyawo bechopha phezu kweplanga lokuhlaliwa ngokwesitulo, basishiye sinyanyeka.

Ucoceko cziLavatrini yecona nto ifanelwe kukufundiswa czikolweni zethu ukususcla kwczokuqala 'de kuye kuMatriki kugqithe. Asinakugxeka abazali kuba nakubo zintsha czi

zinto. UTshekedi ke wanyanzela ukuba apha eMoeng ingabi kho indlu yangasese emi yodwa ethafeni. Zonke apha cezamanzi, phakathi endlwini, zimelene namagumbi okulala.

Kufundiswa ucoccko jikelele. Phofu yinto enzima uku fundwa ngabantu abangayaziyo, abaqhelle intlalo yase magxamesini czinkomeni nasemahlathini. Ifuneka apho imfundo, mfo wakuthi nakubeni yona cyococeko ifundwa nzima lixelegu, zibe intshaba zona zizimisile ukuyinqanda ngemithananangu imfundo yabaNtsundu. Asazi ke kuba ihashe elirhangayo liwafumana cinkhaleni lo ulinqandayo amandla alo okudloko. He!



. 8 .

### Imfundo Entla

UMGANGATHO wemfundo kwelaseNtla awufikeleli kowethu czantsi apha.

Ibonisa ukuba thina sinethamsanqa ngokuba kufuphi namazibuko olwandle ekufikelwa kuwo ngabaQhubi beLizwi (Missionaries). Umfundi woqonda ukuba elona zibuko

lilungelelene nathi maXhosa lelaseBhayi. Apha ke intloko ephambhili yagaleleka malunga nexesha likaMpolofiti Ongcwele uNtsikana ingama Satlani (1820 Settlers) ama-Jamani (Moravian, Lutheran) namaNgesi (Wisile, Rhabe, Tshetsh). La mabandla alityhutyha lonke izwe lakwaXhosa evula izikolo zokufundisa abantwana nomlisela nomthnjana de kuye kubafundisi neetishala (khangela kwisahluko esibhalwe ndim encwadini yesiNgesi, "The Story of a Century" yamaWisile 1923; kwa nencwadana yesiXhosa efunyanwa kum nge 4d ichaza "Umsebenzi wamaWisile kumaXhosa" 1923). Yiloo nto thina maxhego anamhla singabantu abazalwa sclukho ukhanyo, ukanti kweli labe-Tswana lafika kade iLizwi, nemfundu yangcambhaza ngokonwabo oluya lwashiywa yintulo, kuba abafundisi beli lizwe bafikela ezibukweni elikude, 1,000 leemayile, iCape Town.

Kungoko isesezantsi imfundu yasentla, kwaye kokukhona kuphicothwa amacebo okuba le iphakamileyo ingaphelili kumaNgwato odwa, koko ishwankatheli nezinye izizwe zabaTswana abaKwena, abaNgwaketse, abaTawana, aba-Kgatla, abaLete, abaTlokwa, nabaRulong ukuze liguqulwe igama iBamaNgwato College libe yiMoeng College, nemfundu ifikelele kwiMatriculation neAgriculture nec-Industries ikhuphele kwiUniversity of Rhodesia esayilwayo.

Amava okucotha kwemfundu ngokwalapha eBamaNgwato Koleji ndiwafumene ngolu hlobo: Kwiziqibi zesi-5 nese-6 kukho amakhwenkwe amadala anentshebe, oonongqovu bona. Iintombhi zona ezikwezi klasi yintanga enamabele, evuthiweyo, elungele ukwenda, le thina siqhele ukuyibona izititshalakazi, into leyo endikhumbhuze ixesha lobukhwenkwe bam (1895) sifunda eQonce neentombhi esezinkulu koo-2, noo-3, namakhwenkwe amade; le nto ibangwa kukulityaziswa kwabo kukwalusa impahla ukuze aqale

ukufunda seleminyaka-15 koo A, B, C, andule ukuya esinaleni eDikeni selevela endle ukuza kungenela imfundo cya kwi "School Higher" (J.C.) engoo "ndukumbhini" abalala beqhusheke iminqayi phantsi komatrasi.

Ke kweli lizwe leenkomu amakhwenkwe emathaanga (cattle-posts) afunda ubuvila iminyaka le, egcinwe yingova, no "ntakana ntyilo-ntyilo uphethe ni ngomlomo", neceya, nenjinana. Iintombi zona zimfafakazi ezinde, ezinomkhitha, czikhuthileyo esezadlula kwingoma ze "thina", noonomtatsi, noo "wenzan'ukayise". Ngesithomo zithe nkqo kuba zikhuliswe ngokungqusha kwizitampu czifutshane (2 fcet) ngemiphini ebude buzinyawo czilithoba! Ubungqina benkuthalo yabo kukuba isohlwayo esibuhlungu entombhini kukuvalelwa kumthambho (drill), nomdlalo weBasket Ball apho isuke izithwale entloko izandla ilile esimantshiyane. Ngumbono ohlwabisayo ukubukela ezi ntombhi xa zidlala ibhola yazo, zitsiba zixhuma iinyawo czimbhini ukuyihlasela isesemoyeni phezulu, uqonde nawe ukuba awethu amantombhazana ej.C. angagilelwa phaya. He!

## • 9 •

### Izifologu

ENYE into ephawulekayo kweli lizwe bubuninzi beendidi zabantu abafuyiwcyo, izifologu, amalose, amaSarwa, imi-lala" ("molala ke wena"), nemidungela chlala nje isebenzele abantu abaNtsundu ngaphandle kwemali, okunye ngemalana

encinci oko bezuza ukutya. Kaloku abakho abelungu, okanye banqabile; iyaphela inyanga apha ndingabubonanga ubuso obumhlophe de ndiyce ePalapye (54 miles) eposini, nasevenkileni nasesitishini. Imidungela le ixhaphakile. Apha esinaleni abalusi beenkomo zesinala ngumkhosi omkhulu wamadoda aqinileyo anabafazi, axolileyo yile ntalo, abavuyela loo nto ubaphosa yona.

Ungafika abantu bolu hlubo bephiwe izindlu ecaleni komzi abakhonze kuwo, belima, behlakula, besikha amanzi, betheza, iyindoda nomfazi nosapho lonke kuhleliwe ngokonwaba. Abayifuni nejoyini yaseRhawutini; ibe nayo iyiwa kuuphela ngabafana abanegugu lokubona ilizwe, bengaxakekanga.

Ayikho apha into endiqhele ukuyibona ckhaya: indoda isalusa impahla yayo ngenxa yokuzinyelwa ngamakhwenkwewa ewazeleyo. Nasczindlwini aziswelekanga izicaka ukususela kumantombhazana amancinci namakhwenkwana kuse kabantu abakhulu. Zizalise ilizwe apha izifologu. He!

• I O •

*AbaFazi*

**ABAFAZI** kwesi sizwe bakwesikannebese: ilizwe lilawulwa ngabo; etyalikeni ngabo abahambisa inkongozelo, nabala-thisa iindawo zokuhlala. Ngabo abadikoni (mateyakoni) abagweba amatyala nezoono zamarhamente. Ngabo abafundisa amadoda aabo into amakayithethic czintlanganisweni, nase-nkundla, nascemicimbhini yombuso.

Ikhazi alaziwa kumaNgwato (nakubeni likho kwezinye

izizwe zabaTswana), alikho nesuthu lamakhwenkwe. Phofu bakho abcabisayo ngokulobolisa nokwalusa amakhwenkwe, ngokukodwa amaNgwato aphumia kwizizwe zamaXhosa, kodwa baya dliwa yinkundla yamaNgwato xa bebhqaqiwe.

Ngenxa yolu lawulo lwabafazi inkulu ke wena intlebedndwane emizini. Ungafika umfazi ethethela phezulu yonke into ayicingileyo, cyithetha tyhatyhasini. Ufike nabantwana bethe nqadalala ukuphula-phula iindaba zabantu abakhulu, sebejinga emilebeni yoonina. Naantso ke into yakho, yihlo. He!

Ewe amagunya abafazi makhulu, kodwa buyamangalisa ubulula bendllela yokwaliwa kwabafazi ngamadoda ngokukodwa xa umfazi engazali, okanye xa azele impunde yaanye yomntwana. Indoda ayinazo iintloni xa kulapho, kuba endaweni yekhazi umfazi ukholisa ngokuza emzin'akhe eqhuba iqela leenkommo aziphiwe nguyise nezizalwana. Ukusuka apho umfazi yena xa cgxothwa uphuma nomhlambhi weenkomo (se kudibene nenzala yezo awayefike nazo) kanti uza kusikelwa ifama ebanzi sisibonda ukuze angahleleksi. Enye inkosikazi eyayindichazel ezi zinto ithi yayiphakathi kweziyunguma zokuxhecelwa nguyisekazi ishumi lonke leenkommo kwezo zazikhutshelwe umsitho kwasala amashumi amabini athe abuya aanda ngamathole azo. Lowa wayelahlwe yindoda wasuka walima, wafuya, watyeba, wayifundisa impunde leyo yakhe wada wabonwa yenye indoda waphinda wenda.

Kuyabonakala ke ukuba emaXhoseni le nto yokulobola yiyo egcina imizi ingachithakali. Nawe ungayibona intlavubele yentlalo emaXhoseni likhe lalahlwa ikhazi. Kunjalo nje ayahlekisa amanye amasiko ezi zizwe. Kwakha kwathi ngomnyaka ndiscBloemfontein esitishini ndabonwa ngumfazi endamgqibela kuimnyaka engaphambhili ebantwini bakowabo, wasuka wathi xa endixhawula ngesandla wadlu-

Iela emlonyeni watsho ngqwaa ngesiphokolo (kiss), ndothuka ndee jaa iinwele. Umlingane endandihambha naye wandleleza ngelithi hayi lisiko apha ukumnnqabula umntu omqhe-lileyo endlwini yakowenu xa sekudala nagqibelayo ukubonana, nokuba ngumntu oyindoda kongumfazi, nokuba ngumntu ongumfazi koyindoda. Kanti ke wena ngoku ndiphawula emitshatweni ukuba nakubantu abaqlanayo ukwazana lusuka ulwangano lube yinto exaphakileyo nje ngoluya uRhulumente wooDr. Loram waluchaza ngamazwi esinGesi athi, "Some separatist churches indulge in promiscuous osculation" amanye amabandla ophumo anesiko lokwangana ka-wonke-wonke. He!

• II •

Ivenkile

KWELABETSWANA lento iyivenkile yinto ephilisayo. Nditsho kuba ndizibone zityebc zavunda zonke, waye ungasoze uyibone clubivana loxhents' enkunkumeni. Ndibone kuthengela abcTswana ngaba-ne nangabahlanu bethenjiwe ngabelungu babo ukuyiphatha imali iziinkozo.

Eyalapha esikolweni ivenkile iphantsi kolawulo Iwe-Principal. Idelekile xa uyikhangele, kodwa yakha yawenza amawaka amabini ceponti enzuzo (net profit) ngonyaka yaye isalenza iwaka nangoku. Kuthe khona ngentsuku zeKrismesi ndabona izinto zamchlo, umthengi ngamnye exhabashc ama £20 kuye kuma £30 (ngokuthengisa ama-

tholana amabini) ayibize yonke into etsala amehlo akhe, athuthe iminqambhu yemigubo, namaxamba eswekile, neziphungo, nemichaku, noophoyiyana bokudlalisa abantwana, namajikazi okugcobisa abesetyhini, kanti iyodwa inkomo ewiselwe ukutyiwa; ubc wonke umzi nganinye uphalaze igazi letakane lokusindleka usapho, khon'ukuze luqonde ukuba yiKrismesi ngoku.

Abaswelekenga abathe baphambukela kwicala lento abyibiza ngegama elithi “inyembhezi zikaVitoliya”, umiqombhothi ke lowo, apha iziqhamo ibe kukurhutyana amathumahu ngezitshetshe, aza amabini amangcwaba kwilali ezikufuphi nesikolo esi.

Konwatyiwe kweli, Qheya, ndini! He.

Ngenxa yokuxhaphaka kweenkomio isixcko ngasinye sineLorry yaso yomntu omnyama, kuba nokuba se idulu umfo ofuyileyo usuke akhethe inani elaneleyo ebuhlanti, ubone se eqhuba ukraca-kraca omtsha ongangxoliyo aqeshise ngokusa amazimba edolophini, nokukhwelisa abantu abaya kuthenga iFurniture yezindlu. Kaloku ibhongo leelali zalapha liya fana nelelokishi zedolophu, ukunqandela enqu-gwaleni nakungqu-phantsi impahila yabelungu eyayiqi-ngqelwe amagumbhi abanzi, apha kvezethu izindlu le mpahla ivala iphele nendlela yokuhambha endlwini. Aku-vanga-vanya?

Iminweba yeenyamakazi (karosses), mininzi ngenxa yokuba amahlathi azele ngoodyakalashie neempunzi namahlosi. Iimfle zeenchuka ezima-20 zenza ingubo emandi yokulala. Ibkhokhwe ifumaneka ekhaya nge £2.10.0 kanti apha lishumi leesheleni qha. Amadlelo anga ngawama Vundle aseimbhallini. Kaloku inkosi yamaVundle kuthiwa yaala ukuxhela inkomo ngoNongqawuse kuba yathi yakubuza ukuba baya kuthini na abangaxhelanga impendulo yathi baya kuya kwa-Sathana. Yathi ke yona izimisele ukukhonza kuloo nkosi

inguSathana kuba yona inedlelo, cli alisweleyo uSarhili exhela nje. Ngenene liyolile izwe elina madlelo, litsala nabantu bakude. He!

• I 2 •

Mahalapye

NDIVE se kuudala ukuba kanti kukho amaXhosa akowethu kweli, aphuma eXesi nakwaQoboqobo nasemThatha nase-Dutywa. Indawo emi kuyo yiMahalapye, emalunga nekhulu leemayile kum eBamaNgwato Koleji. Okunene ndiyе kuyichithela kubo iKrismesi, ndafika ingabantu beziduko zama-Ngwevu, namaNkomo, namaVala, nabeNguni, namaNcotsho, namaShweme, nooMajola, nooRhadebe, namaKhuma, nama-Zizi, namaTshawe, namaMpanga, namaNgqosini, nama-Bhele, namaNtshilibe, namaKhwemnte.

Ukuza kwabo kweli lizwe baqala ngomlanzinge wendoda eyaqiqeshwe ngabelungu beesampulu eKoloni, eyathi yaku-bona ukutyeba kweli lizwe yasuka yabalahlha aabo belungu yazicelela indawo yokuhlala kuKumkani uKhama wayiphiwa apha eMahalapye, isiza kwa nentsimi enkulu ekumgama weshumi leemayile, namathaanga akuma60 eeMayile. Izigqibo yaazezokuba angathengisi ngomhlaba lo, koko udlulele kunyana okanye koonyana bakhe akufa, kodwa ubuyele kuKumkani mhla aphela amaduna enzaleni yakhe, ukuze uKumkani awuphe amanye amadoda. Kunamhla indoda nganye inawo ama300 eenkommo emathaanga, nekhulu lecakile lokulima.

lantombi zabo zendele kubcTswana, oonyana bona bazeke kubcTswana.

Kuthethwa isiXhosa nesiTswana yinzala yabo.

Kule dolophu yaseMahalapye kukho amacala asikelwe izizwe ezingabangeneleli. Lilodwa clamaSukwini (abantu bebala lakwaLawu); lilodwa elabeTswana abavela czantsi; lilodwa clamaXhosa aphuma eKoloni endithe ma kandisc kulo umqhubi wemoto yesikolo endisilawulayo, ndaza ke ndasiwa endlwini yetitshala endala yomXhosa, cyintanga yam koko isafundisa yona phantsi kwemithetho yelozwe, yaye ithetha isiTswana nesiXhosa. Sithe sakugqekreza ukuncokola sothukana ukuthi kanti siyazana, sagqibelana eQonce ukufika kwam ngowe 1914 yena cfundisa kwa-Bhuluneli (Brownlee Station) etolikela uRev. J. Harper eRhabe cyinzwana yomGcaleka osimilo sithandekayo, eliTimpile asclilo unangoku. Igama lakhe nguFrederick Manqola into yakwaNozulu. Umkakhe ngumaLimako weenkomo zikaGushawolundi abandibungezelu ngobubele obukhulu behleli emzini obukekayo nangokunwenezela kwezihombiso zeKrismesi.

Nje ngoko balishiyayo elokuzalwa ndibabone bengathi bafana nabantu abaphumileyo ejiphethe bangena kwelasc Kanana elela amasi nobusi, kuba baya senga, baya lima belima amasimi angenamda kuba umda kukudinwa kokutsala kweenkabi. Iminyaka ikuma 20 ekweli lizwe uManqola cyititshala yodidi cfundise abantu abadumileyo.

Andibanga nakuyibona imfuyo yakhe kuba ikumathaanga amalunga nama 60 eemayile. Usancokola kunene ngabantu basckhaya eZeleni, eMgcwe, eDutywa, eGcuwa, eQonce nakuQumbu.

Apha eMahalapye uqaqaqa ukhula eme ngedolo, inqonqo-ndwane ifika esifubeni, yonke ingca yokufulcela izindlu isikwa phakathi kwezindlu ezi iphelele. Sisimanga selizwe eli,

laye limi lodwa, mawethu, alinabantu, limiwe zizilo zasendle.

Ngako nje imoto iphumé edolophini lihlathi elithe shinyi nokuba isinga ngekhohlo eShoshong okanye ezantsi eMafeking okanye entla ePalapye, kuthiwa umuntu ohambha ngomibethe kusasa uba litixi ukuba manzi athi nqa ngesifuba. He!

• I 3 •

Bulawayo

EBUDENI beholide le yenyanga yoMnga ndibe nezizathu zokutyelela kwa Bulawayo (223 cemayile) nasc Mafeking (261) ngokucelwa. Kwa Mzikazi ndandibizwe ngumbutho wezityudini nectitshala okokuba ndiyce kwenza intetho yokuvula intlanganiso yazo. Ndaggibela ngowe 1931 kwa Bulawayo. Namhla ndifike isixcko esi sisixaabesha esitwezekileyo somzi csiwazalise ngezakhiwo amathafa awayevulekile ngoko. Yaye inkqubela yabantsundu apha ingathi ibhabha ngamaphiko ukukhawuleza kuba amashishini (businesses) aabo ngoku adlule kuma 9,000 lilonke elase Rhodesia. Edolophini iibhasi zonke nezabelungu ziqhutywa ngania Ndebele anxibe iifaskoti czimaweza xa ethengisa amatikiti. Kanti ePalamente kukho amalungu aamaNdebele akumshayo. Hi-nje?

Le ncko yenqubela yamaNdebele indenze ndeva ngathi ndisephupheni lesityhilelo sikaJohane ePatimo; kuba eKoloni

yokuzalwa kwethu sasikade sizicingela phezulu ngamawonga onibuso kaVitoliya, sizidla ngokuthi singamaNgesi amnyama, silidelile izwe clikude entla sisithi kusesithokothokweni sobunyama.

Namhla nje imcko isuke yaanguqulukubhede wevili ejikelezayo kaMqhayi ethi obeszantsi imphosele phezulu aze obephezulu imjulele ezantsi xa ndibona amaNdebele nabCTswana ingabo abaphezulu, isithi abasezantsi nabashiyi-weyo ngabantu base Kenya, Uganda, Gold Coast, Nigeria, Nyasaland, Tanganyika ngoku kodwa iNigeria cbantu banga-ma 30,000,000 apho thina simia 8,900,000 yaye idolophu yabo ilbadan inabantu abama 340,000. Ngathi kulungile sizazi czi nyaniso khon'ukuze sisinde kwikratshi lokuzicingela. He!

Apha kwa Bulawayo ndibonene nenzwakazi enguMrs. Muriel Mabusela engumOngikazi, umamTolo intombhi yomfi umLu. Solomon Mvambo, ititshala yam (1898) cQonce. Ndifike ingumifanekiso wenyani ukufuza unina intombhi ka Gudula emNcotsho (Berlin) eyamzalela umfundisi lo iintombhi czininzi czendele czititshaleni czidumileyo ooMahlasela nooBikitsha nooMkentani nabanye.

Le nto ikukwenda kwentombhi efundele ubuNesi lilifa clikhulu kuba ithi naxa ingumholokazi nje ngoMuriel lo ingahleleleki, koko iziphilele ngokonwaba.

Kwa kule dolophu ndibonene nenkosikazi eyayisekwaya-rini eLovedale (1902) ivuma iTreble (mna ndiyi Tenor). Yendele kunovenkile wodidi. Indimemiele emzin'ayo, sadla imbhadu, yagqibela ngokuthuma umiyeni wayo phakathi evenkileni ukuba andiphe umphako nezinye izinto endi-nokuzalatha yeka ke, wagixa umfo ndemka ndimbhina-mbhineka zizibele zelamaNdebele.

Entlanganisweni ebendimenyelwe kuyo ycetitshala nec-titshalakazi czisekhulwini ndizinyaswe eqongeni lundwendwe oluphuma eNairobi iIndiya elingu Dr. R. Yajnik Ph. D.

(London) eliyintang'am. Entethweni endiyiwisileyo ndifakele nesiyalo esithi amaNdebele maze awalondoloze ngenyameko amalungelo obuPalamente nawokuqhuba iibasi zamagwangqa khon'kuze iAfrika iqondwe jikelele okokuba inqwenela amalungelo aphakamileyo ngokuwafanel.

Ngenjika-langa edolophini kwaBulawayo kube kho ingxwabilili yentlanganiso yama-Indiya emenylwe injinga le uDr. Yajnik. Nam ndiphuthunyiwe okokuba ndibe senanini labamphahlileyo etafileni nokuze ndimisekele entethweni yakhe xa emema inkxaso yesikolo esiphakamileyo sama Indiya eNairobi (Kenya).

Kwesi situba ndigagene nomlungu ondaziyo esaggibelana kudala eKoloni. Uthe kum nguye osebenze waphumelela ekubeni ahlulwe la mazwe aseNtla eme ngolu hlobo ami ngawo ngoku endaweni yokuba ahlonyelwe kwi Yunyon ngokuya uSmatsi wayecikozela okokuba adityaniswe neli lomZantsi. Uthi wayesenzela ukusindisa ama Afrika ekucinezelweni hlezze angazuzi nomkhwepha kula malungelo siwabonayo ngoku eRhodesia, yaye iNorthern Rhodesia yona ide yaqwela ukumonwabiswa umAfrika.

Ubungqina bale nto kukuba iRadio Wireless yakhona isebenzisa abantu abaNtsundu emini apha ukuthetha nokucula isiNdebele, ize xa iqukumbela amagubu (orchestras) abelungu akuncamise ngokubetha uNkosi Sikelel' iAfrika, noGod Save the Queen. Kunjalo nje kwezi nyanga zidluleyo ndibe nembaletwano noQueen Elizabeth ozala lo ulawulayo kuba sasibulisene ngowe 1947 eLovedale.

Yimfundu ukuhamba oku, khwetha!

Malunga kude kufuphi no Bulawayo kukho isithili ekuthiwa yiBhembhesi esimiwe ngama Mfengu ase Fingoland eTranskei kuCaptain Veldman Bikitsha ngokuya ayethunylewe ukulihlolola elo lizwe. Nangoku ndinamigama amakhwenkwe afunda apha eMoeng endiwaqhele eGcuwa.

Ndithe xa ndiphutha-phutha umhlobo endandimbonile apha ngowc 1931 uSolomon Makeba wase Cumakala ema-Gqwashini owayengumVangeli (missionary) ndeva ngosizi ukuba uswelekile kuzo ezi nyanga zokuphela konyaka. Camagu maGqwashu enkomo zeNxele, zika Khamlana, maGorha ka Manzini, mabandla kaSiyaphi. Xolani, uyifezile indima abeyisikelwe ngumDali wakhe yokushicilela iincwadi czintsha zamaculo neziBhalo zesiNdebele ukulambahisa iliZwi ezingqothweni zomhlaba. He!

Iya bukeka idolphu yakwaBulawayo, yaye inezibele macala onke: kumaIndiya nabeBala namaNdebele. Ndi-ncome yonke into lada lafika ilixa lokuba amabombho ndiwasingise ePalapye (223 eenmayile) phakathi kweemvula czazixikile ukususela kweyeNkanga zatsho yazala yonke imilamho eqhelwe iyimikhenkenene nje engenamanzi.

Isitishi esi sakwaMzilikazi sesona side chlabathini: sizimayile czintathu ubude (oko kukuthi nga ngokusuka eQonce kuye eBreyibharha). Yinuityululu iinkasayiya (rails) ukuphuma eqongeni (platform) labantu ziye kungena kumagotyiba eeGutsi ezingapheliyo, kuba kuthuthwa impahla yeevenkile ephuma elwandle eKapa, eDurban, eBeira naeLorenzo Marques iqokelelwwe isingiswe embindini weAfrika ekoko ukuya kwelabeShona nangaphaya. He!

Zinqabile iiintaba nemilambho kobu buthuba. Kukholise ngamathafa agqunywe zizinga ncendada ezoyikekayo. Isiporo sikaloliwe sithe tse, tsotsololo, kangangokuba intloko yodidi olulingana nolu lutsala uloliwe oya eDikeni itsala amaqceu ali-15 igqotse ngengqobe inge ayinamthwalo. Kwa lapha kukho izitywakadi zomhlaba olele tyaba aphi iinkolongiyane (sidings) zide zibe ntathu ukuqelclana ngeemayile ezilishumi enye kwenye, ukuze ebusuku iliso leinjini libonakale kuyo yonke loo ndlela engekafiki kuwe yena uloliwe. Abasebenzi beGutsi bathi kum ithabatha iyure yonke ibona-

kala itreni isiza, kodwa ifike kade kubo ngenxa yokuba ithula ilayisha impahlala kwezo zitishana.



• 14 •

### KweleNgonyama

ZINTSUNGUZI ke czi zamahlathi ahambha indlovu nengo-nyama. Kuthe sakufika eFrancistown sabona into eninzi yecLori czithutha abantu nempahla eya eMawung ngakumadike ascNgamiland kumgama wama-300 emayile. Lilizwe leengonyama apha kuba kulapho zifele khona czona nkomo zininizi zeli lizwe. Kulawula ingonyama apha incenckaz'enku-lu, ntanga. Imoto ihambha ngobusuku kuuphela, khon'ukuze isithatha sezibane zayo sizoyikise iingonyama. Imoto cha-mbha emini sisisulu sokumiswa inqandwe ivunganyelwe ngala mabhubesi. Ngoko ke kuhanjwa ngobusuku bodwa ukuze kuthi xa kumiwe (nangasiphi na isizathu) kubaswe isivuthe-vuthe somlilo wokugxotha iingonyama czi, kanti apho ucime khona se ziyirhawule loo moto.

Umgama wezi ndada ulingana nowokusuka eQonce uidlule

eMonti nasem Thatha usiya eKokstad, ucanda udada olunye oluthe shinyi olugquma ingonyama.

Kutsha nje kweli liphakathi kwe Francistown (nganeno koBulawayo) Neimaung, entshonalanga, kuwe i-eopleni yabelungu baza abanye babo baxhwilwa ziingonyama, abanye bagaxeleka kuhlanga lwamaLawu ekuthiwa ngama Sarwa bagwintwa.

Ekuhleni ukusinga ePalapye kukho isitishi esigama lithi "Taupse", oko kukuthi kweleengonyama, nje ngoko u "Tau" lo uthetha ingonyama, aze u "psc" okanye "pye" athethe ukuthi zizo zodwa; kwa nje ngokuba u "Palapye" enentsingiselo ethi "iimpala zodwa", iimbhabala ke ezo.

Komnye umzi apha umfazi othile ubone eyadini yakhe into engathi yinja enkulu echola-chola inqaba amathambo kanti yingonyama leyo, wothuka wabuyela enqugwaleni, yona yasala ihlasela idonki ebikhulekiwe esiphunzini yayiqhi-wula yagqotsa iyiphete ngamazinyo kuba kakade ikholwa yidonki ngaphezelu kwehashi ngaphezelu kunenkomono ngenxa yokuba ayinazimpondo. Kaloku ikhwange elikhali phileyo liya kwazi ukuyikrazulu amathumbu ifc ingonyama xa iyifumene kakuhle.

Kuso esi sikolo saseBamaNgwato koleji edlelweni lecnomo zethu kule nyanga idluleyo kubonwe ixhego lengonyama eliphelwe ngamazinyo se lisitya qha iincanda nabantu kuba liya shiywa zinyamakazi eliqhele ukubambha zona. Kodwa loyisiwe yenye indoda cbiyibambhile ngenxa yokuba buthuntu beentsini zayo busuke banqatylewa kuku-yaphula amathambo; phofu umfo lowo ugula nzima esibe-dlele ngoku kuba akukho konwaba emva kokuphuthwa-phuthwa leli rhamncwa.

Ukutsho ke ndine ziqanaqwana endizifundilcyo ngezimbho zamabhubesi. Khumbula mlesi ukuba ukhokho kaKumkani Victor Poto, uNdamase, wanikwa ubukhosu obulinganayo

enaMpondweni nobomkhuluwa wakhe uMqikela ngesizathu sokuba wabulala ibhubesi weza enkundla nofele lwalo kuyise uFaku, laduma ibandla. Ibhubesi kc bubukhos. Akuvanga vanya?

Ekubuyeni kwaBulawayo ndimenyelwe eMafeking kwikomiti yeenkosi zonke zelabaTswana, ngenjongo yokuhlahla umthetho omtsha wokuguqula iBamaNgwato Koleji okokuba ibe sisikolo selizwe lonke labeTswana endaweni yamaNgwato odwa.

Mamela ke.

Ukuya eMafeking ndivisisene noTshekedi Khama okokuba sihambe kunye nje ngoko naye ebe lilungu lelo qumrhu. Yena ubevela kulima emasimini akhe eFrancistown ngezipani ezimashumi mane. Kaloku liliizwe likayise eli, ndaye nna ndingakhola wa okokuba ukho omnye umntu omnyama ofikayo kuye ngenani leenkommo ngaphandle komtshana wakhe uSeretse.

Yimvuze-vuze ububelec nesisa uTshekedi lo. Ndifike kuloliwe sel'endigcinele idinala enkuulu ephuma kwi Dining Saloon, kwa nebhedi yokulala kwezi ziquestwayo, waye umfo lo cliqhakra-qhakra lencoko, watsho sabukhathula ubusuku sigqekreza.

Sifikele kwiqikili lethu uDr. Silas Modiri Molema, M.B., Ch.B. (Glasgow), yaayenyi into leyo ukubungezelana kwe-thu sobathathu, sigonana, sibonisana ngezenzo zabazali esiphuma kubo; kuba sisobabini noTshekedi asikalazi igqirha clintsundu esinokulincoma nga ngoMolema lo. Izizathu ziza kudweliswa kwa lapha. Kanti sisobabini noMolema asikayazi inkosi ephefumlayo enokuthelekiswa noTshekedi ngezenzo. Se zidwelisiwe kumanqaku anduleleyo zadandalaza.

Bebobabini uMolema noTshekedi ngabo abandithumela izipheke-pheke zeengcingo zokundibizela kweli lizwe ngo June odluleyo ngezizathu czaziwa ngabo bodwa. Kungoko

kuyingxokozelo yovuyo apho sithe sahlangana sobathathu. Kambhe kukho nokuqhayiselana ngezenzo neziganeko ezi-semabalini ashicileweyo zabazali esizalwa ngabo, elide clinyc ikuhumsha elisiboneleyo lakhumsha lisithi: "This is a mutual admiration association" (olu lumanyano lwabantu ababukanayo, olukhumbhuza ingoma ethi, Hayi ukufaneleka kwabazalanawo, bakuhlala ngomanyano lwabathandanayo).

Uyisemkhulu ka Molema yingotya yobu Wesile kuba-Tswana. Wathi akugqobhoka wavangela esizweni sakhe sabaRolong, waseka irhamente enkulu kunene nezindlu zobuCawa esixckweni sakhe nakwizibhaxa zeMafeking, ukuze kudaleke le Sekete ibanzi ikhoyo.

Kwa ngelo xesha wafundisa inzala yakhe eNxukhwebe naseDikeni kwavela amaggirha amabini uModiri lo nomninaawa wakhe uDr. Sefetogi Molema, nenye imfundimani enguSebopiwa Molema, B.A. (Chicago). Uyise uSilas waphemba ubuTempile obathi banwenwezel a kule nqila yeMafeking bada baya kufika eRhodesia. Kha umc, ulindele.

## • I 5 •

### KwaMolema

ITHOLE likaNkosi Molema nguGqirha Silas Modiri Molema, inkwenkwezi eyindangandanga phakathi kwamadoda afunidiswe pheshuya, ngala mabala:— (a) Ligqobhoka nelungu elidala leKomfa yamaWesile. (b) Lilungu lamzuzu leGrand Session yamaTempile elishumayela ngamandla inzilotywala

de liqequeshe neckwayala zodumo kuloo nto. (c) Yinkokeli enezooso emicimbhini yombuso. (d) Ubuchule bobugqirha bakhe butsala nabelungu abavela eKapa, eDurban, Jo'burg nase-Australia de kube ngoku emva kweminyaka ema-35. Unecmfelc. Kaloku thina maXhosa igqirha siliqonda ngeemfele zabantu elibanyangileyo baphila ngaimacebo anqabileyo enqabele amanye amaggirha. (e) Isimilo sakhe sinconywa czwensi lakhe ngabantsundu nabamhlophe ukusulungeka nokungabikho kwamasebezo. (f) Impucuko yentlalo endlwi-ni yakhe esethafeni clalisisinga namasimi malunga neemayile czi-ne kufuphi neMafeking ngumbono otsho ununtu akhamnqe: indlukazi emagumbhi ali-16 (asibhozo kuwo ephezu kwe-opstezi), ilelo ngalinye kwawokulala iindwendwe line-Bath-Room nethyolo langasese lemibhobho yamanzi kunye neFurniture egqibelcleyo nenokunqwenelwa ngumntu wentlambhuluko. Kukathathu ndifikela kuye, kodwa andilalise kwigumbhi elahlukileyo kwelangaphambhili. Andithethi khona ngeSitting Room (Saloon); andiyazi eyifikelelayo kwezethu bantu bantsundu basemaphandleni ngobunewuncwu bokuhonjiswa; kanti nasczidolphini zimbhini kuuphela endizaziyo, cyokuqala iseDurban, eyesebini iseJo'burg.

Amanzi uwatsala ngephiko laphantsi komhlaba emthonjeni alifeze lonke elo phokomela lomzi, afake nombane (electricity) jikelele ngeDynamo yakhe. UnamaMfengu amaninzi okulima ngeenkabi nangeTractor, asebenze amabhoma centlobo zonke zeziqhamo (ipesika, iPlum, ipopho, ipere, iorenji, iapile, awujikelezze wonke unyaka evuna) ncentyantyambho zokuthengisa edolphini.

Ixabiso lalo mzi xa ndijongile alinakuwa ngaphantsi kwama £20,000. Yindoda emadoden i.e. Hayi, ixabiso lemfundo enoThixo. Woza uthi wakha wabona nto ni na khwetha xa ungekawuboni umzi kaModiri Molema?

. 16 .

### Abantu bakudala

EKUJIKELEZENI kwami andiyazi idolophu enama Lovedale amaninzi endafunda kunye nawo (ngokwebutho lam 1900-1902) nga ngawase Mafeking. Ukuhlala kwabo bathe saa kakhulu apha czixekweni zabantsundu, kuba kukho abangakwicala lama Xhosa, kanti kukho abanini-ndawo aba-Rolong ngasenkundleni ka Montsiwa. Ndincedwe ngu Dr. Modiri Molema othe wandikhuthalela ngeqegu lakhe ukundisa emakhayeni abo, waqala ngo Richard Mbelle umkhuluwa wentanga yam u Archie osc Pretoria, owalekelwa ngu Horatio ongasckhoyo, yaaluyolo lodwa emzini omhle womkhuluwa lo. Sidlulele ku Mannie Hommel ovuse amavo amandi asesinaleni. Iintokazi czintathu zalapha czikwakwibutho lethu zafudukela emizini yazo yokwenda oo Maggie Slous, no Tepo Boabile no Maud Sidzumo umka Nkosi Zibi. Endizibonileyo apha ngo Seleje Molema, no Emma Maromola no Ketlareng Molema. Ndisabatlula abangasentla e Bechuanaland oo Tibi Chieppe, Wetshotshile Sebele, Seepapitso Bathoen, Olebeng, John no Simon Ratshosa, Gao-potlake no Idirilwe Sekhoma, Makhasane Molefe, Nonofang Motshwaedi, Raditladi, Sebeso.

Libe mandi ithuba lokuncokola no Scbopiwa Molema B.A. yaza yaqwela yona intswahla ende kunene sakubonana no Mejana Tyamzashe untang'am, sisidla imbhadu yokuyola kwe Lovedale yamaxxesha ka Somgxada, no Blom Geddes, no Aitken no Sofaty (Slingsby), Cruden, Dr. Roberts,

Fairlie, Farquharson, Hunter, Fisher, McGillivray, nama-Xhosa ooGilbert Tyamzashe, Elias Madubedube, Oliver Somniso, Livingstone Mzimba, Sebeta, Zazaza Mbewana, Dyan Bokwe, Mahlamvu, njalo-njalo.

Asiqondi thina ukuba iLovedale yakha yayola njenge-yelethu ixesha. UMejana lo uzalwa nguGwayi umkhuluwa wenyange uPeter. Walekela uHenry igcisa lei.C.U. eMonti oza mva koJames ichule lohadi. Yena uziwa nguBen umqambhi weengoma ezidumileyo, kanti nabakhuluwa bonke bakaBen abayivinjwanga ingoma nepiyane. NgamaNgwevu azintsika zommandla weQonce ekunye namaHaya. Kube yenye into mfo kabawo xa sihlalutya czeKriketi kuba sasiyidlala nkqi (noko mna ndandisenyelwa ngabo) sada sayidlala nascEngland sesinoNgcubu Poswayo noDixon Montsiwa noWilson Sebeta ezikolweni zamagwangqa. UMejana lo wayeyinzuthela yeBowler eqengqa imililo yodwa, cyimbhalarha nangephini nokufildisha. Ngenene ivili kaMqhayi uKhawulezis' amaxesha iya ziphethula iimeko. Nangu umzekelo: kwawethu amaxesha inkunzi ekriketini eyayi-soysa zonke izizwe yayiliQonce. Izigebenga zayo czingali-balekiyo ngooFred Bassie, Fielding Haya, Paul Xiniwe, Seti, Ngxoweni, Sidayiya, Ngcumbe, noMejana Tyamzashe lo. IMonti lalisqingqa. IQonce lalikhuphisana neBhayi-Ndlovu leento zoomafongosi, Rwdxu, Ngesi.

Kha uphulaphule, Lawu ndini.

## E-Mafeking

Le ndaba yekriketi yakudala ngoku ifana nentsomi yamaxhe-gwazana engavakaliyo nakubantwana esibazalayo ngoku. Thina siyclele kumikhonyovu eshiywe emanxoweni ibubula isithukuthezi somkhulungwane, isithi, "Mlindi, kuxa liphi na?" Lwaphelela phi na udumo lweQonce ckriketini? Ibhadula phi na ngoku iMvo kajabavu? Laya phi na ikhaya likaDilizintaba Soga into kaZaze emajwarheni kaSongcangcashe, Mtika, Dololimdaka likaButsolo-bentonga? Zaphelela phi na iivenkile ezisibhozo zikaXiniwe uNdungwana, Diya, Khono kaBejula? kwa nechotelc zakhe czazixake abelungu eMonti naseQonce? Kha utsho mfo ndini? Sibuzene, sabuzana, sisjenjalo noMejana Tyamzashe saphelela ckuncameni, lada lafika lona ilixa lokuba sahlukane noko kungavumiyo ukwahlukana kwabantu abathandanayo. Hijnje?

ICawa indifikele ndiselapha, ndaza ndanikwa iiplani czimbhini, cyakusasa clalini yamaXhosa, cyenjika-langa kwikomkhulu labaRulong bakaMontsiwa ndiphelekwe liqegu likaDr. Modiri Molema obubele bungatyhafiyo. Kuzo zombhini ndive ndivukwa bubutyhifilana bobuvangeli endabugqibela mzuzu, ndimana ndiluma-luma nangesi-Tswana emithandazweni. Ezi nkonzozibangele ukuba ndazane nabantu abaninzi besi siqingatha samaWesile.

Ngethamisanqa iNdlu cNkulu yamaTempile eNorthern Transvaal yanonyaka (1954) imiselwe ukuba seMafeking

ngeyomNga (December). Nditsibele phczulu ukuyihambhela, ndaba lundwendwe kuyo. UMongameli wayo (G.T.T.) nguRev. E. E. Mahabane waseVereeenging omnyaka ili-15 ephethe eso sihlalo kuyo. Imoto yakhe ifike iphahlwe ziibhasi czintlanu czinkulu, amaqukunya wona aphuma eTransvaal, baye oololiwe bonke bephokoza iinginya ngeenginya endithe mna ndaphokozeka kunye nabavela eRhodesia bedlule kum ePalapye. Ityalike enonibilini yamaWesile ibaginye nzima abathunywa, bebaninzi abame ezindongeni. Ndiphuthunywe ngesiko lembheko aphi bendiyalelwwe ukuba ndinkonkce khona; yemiswa indlu xa ndikhokelwe ngamagosa akhethiweyo.

Isihomo sika "E.E." sisemagqabini kuzo zonke iiGrand Sessions endizaziyo kuba umfo lo ulihombhisa ngesithozela iwonga lakhe, nangelizwi elidokozela liyizalise yonke indlu ngohlobo lukabawo uTengo Jabavu esaphila. Siyamfanela isitulo esi, waye czibambahha ngobuchule obuthandekayo iiintambho kulo lonke elaseNtla de kuse eRhodesia. Enye into emandi kuthethwa zonke iilwimi, isiTswana, isiXhosa, isiZulu, isiSuthu, isiNdebele nesiBhulu kuba maninzi amaRhanuga amnyama ngokokhozo lomya, athetha isiBhulu sodwa, zaye zimandi zonke czi ntetho xa zithetha into emandi. Zimbhi zonke xa zithuka.

Unoyolo umntu ozivayo iintetho czithethwa ngabantu ngabantu, kuba siyolile isiTswana xa sithethwa nguDr. Nhlapo, kwa nesiSuthu xa siphuma emlonyceni kaRev. Z. R. Mahabane umkhuluwa ka "E.E.", kanti isiXhosa simandi xa kuthetha uNkosi Zibi wakwaKhayakhulu, sincamisc isiZulu xa sikhulunywa nguSelby Msimang otsho singe yingoma. Amaculo ezo ntetho abecculwa onke apha eTempileni yaseMafeking, kodwa isikhungo, uBawo wethu osezulwini yena xa elandela umthandazo ubevunywa ngesi-Xhosa sodwa ngabo bonke abahlabeli bezo ntetho, idume

indlu yintsholo engathi yeyasczulwini, avuyc amaXhosa ke wena.

Kuthe ndingakhumbhulele nto kusaxoxwa imicimbhi ndabona uE.E. cziphosa kum zonke iintambho zesihlalo ngexesha lonyulo Iwamagosa nokuthweswa kwamabanga jikeclele. Yeka ke wena umaziyo uMpahlwa waseGcuwa, iqikili lethu leminyaka cMpumalanga clitsho ivuye ngenene intlanganiso yabazili ekhaya. Ndicinge yena, ndalinganisa yena, yaya kuphela loo seshoni, ndeva kakubi ukusishiya isihlalo lakuphela elam ithuba. He!

Into encomckileyo bubukhulu bcnxhowa yalapha cqokelela i £1,590 isambhuku sonyaka. Kulwamkelo lweendwendwe zibe kho zonke izinonophu zedolophu, ooMantyi, Mayor, Police, Commissioner nabaFundisi abamhlophe bazo zonke iimvaba, wakhumsha wamil'iimpando uE.E. info ndini, zantyingoza ngamaculo ahlwabusayo iikwayala zatsho zanca-misa kwiHallclujah Chorus yeqela laseWesile, ndaqonda ukuba kusagqojokiwe kwezinye izithili nokuba kunyembhelekile apho ukhona wena milesi. Kube kho nento engaqhelekanga le yokuba inkosi yabaRulong ngumTempile omxwayo ubomvu. Alifumananga lasikeleleka izwe labe-Tswana xa likhokelwa ziinkosi zolu hlobo. Kaloku mzuzu emvelini kaNtu inkolo yayisithi imvula ina kwakuthandaza inkosi kuba inkosi iya nanzwa czulwini, yaye inkosi cziphethethe kakubi imema ishwangusha, ilandelwe ngumjojo wolwaalu csizweni sayo, kanti liya sikelelwa izwe lenkosi eligqobhoka. Khangela kuVitoliya nexesha lakhe uthelikise nendawo apho inkosi ingumginwa ngokooHitler noStalin noMussolini ngelethu ixesha. He!

NgeCawa iinkonzo zikhokelwe ngeziqhazolo zeentshumayelo, amadoda ethulula kugadla, ingabaFundisi abaphckwe cFort Harc, iinto zooPhokompe noNthoba endabaggibela kudala ndisabafundisa (ndavukwa lilunda nakukubona eman-

nzi amaFort Hare apha eTempileni) kwagileka iqela lemi-khuthuka esiguqwensi. Iingoma zefaleni phandle apha zizingise imini nobusuku zikhokelwe ngoogqogqa bomanyano lododana abandikhumbhuze ooGwintsa noThole eDikeni noAsapha noMandyanga baseMonti, kwazuzwa inani lemixwetyulwa.

Ezingxoxweni jikelele ithe yabaluleka intlonelwano nembheko yamaTempile, tu amayclenqe, tu amabhunga, tu iintetho czirhwexayo nezizindlayo emicimbhini. Okoko intlanganiso ziqale ngoxolo zide zaya kuvala kuluxolo nokuhloniphana, yaangumzekelo obukekayo kunnntu oqhele amaduli nezisongelo zokukhululwa kweebhatyi phambhi komthnjana nabantu abahlc. Ndikhumbhule umncomo kaR. W. T. Amy Searle endakha ndanva esithi iNorthern Grand Temple yeyona ingenazo izidubedube noburhabaxa. He!

Ukhuzo lwamaTempile angasekhoyo apha nonyaka luzu-kiswe ngokuqhutywa enkundleni kankosi Montsiwa ngenxa yokuba bekusweleke inkosi yabaRulong ebiliTempile. Inkonzo ivulwe ngokufundwa koludwe lwamagama abafi ababalulekileyo enyakeni. Uqonde mfundi ukuba nasezityalikeni linqabile ixesha clichukumisa umphefumlo nje ngeli laseGrand Session lokuleswa kwamagama abantu abaswelekileyo enyakeni, ibe yona iTempile ihlanganisa zonke iityalike. Abafundisi abangabonaniyo nabangafunaniyo bayadityaniswa apha, ufile bebukana, bencomana, bezzilibele izanthukwano zobuhlelo. UManeli Maaga obephathiswa le nkondo ushumayele zaphalala iinyembhezi, watsho lacaca ixabiso lento edibanisa abantu abavelanayo. Le nto indikhumbhuze intlanganiso yamiakhosi eyayiseTamarha mzuzu mhla esinye isithethi sathi akukho nto ibahlukanise abantu abantsundu nga ngobutyalike. Nangoku phaya ePretoria kwaRhulumente umtyululu wamagama cemvaba

zobutyalike zamaAfrika udlule kunene ngaphaya kwewaka. Uxake namaBhulu. Inceda apho le intlanganiso. He!

## AMASIKO

Yakuba ichithakele le komfa ndijikile ndabuyela entla ePalapye naseSerowe ukuxhamla iholide yehlobo ngo-kumana ndiqhawula phaya naphaya izijungqe zolwazi olutsha ngobukhosi beli lizwe.

Ndiza kuqala ngento athi UMqhayi ngumthetho kamthe-tho, othe kanti usasebenza kumaNgwato. Ma ndizekelise ngezinto ezintathu: (a) UMTHI. Thina emaXhoseni umthi lo awucingelwe lutho; kugawulwa yonke into engumthi nesithole nongana, ufile imizi yeclali zethu imi empandleni yempengempenge yethafa ngoku apha kudala imithi yemvela yayishinyene, kuuzindada. Apha iilali zabaTswana ungfika zifana needolophu zabelungu ngenxa yemithi phakathi kwezindlu nasezinkundleni. Izixcko ezidala iShoshong, neSerowe, nePalapye neMahalapye zibukeka kunene njengeKokstad yimithi. Isizathu kukuba inkundla inomthetho oqatha othi ummi ofuna ukuwisa umthi esizeni sakhe kufuneka aqale ngokucela imvume yenkosi. Inkosi ke ithumela abahloli baye kuqonda ukuba isizathu yinto ni na? Wonakalisa nto ni na lo mthi? Okokuba wenzakalisa indlu uya vunyelwa awuwise. Kodwa ukuba awoni nto, hayi. Athi ukuba uphike ngeenkani wawugawula adliwe inkomo okanye afakwe entolongweni, nokokuba loo mthi ubc usebaleni lenkundla yomzi wakhe.

La mathafa atya iigusha ngoku eXesi ayengamahlathi ngelanga likaQilo (1862) eseyinkwenkwe uMoyake ixhego lasemaMfeneneli sand'ukusishiya. (b) ULIMO. Ngenyanga yesiLimela kubetswana akukho nintu unokubopha iinkabi alime xa ungekawi umthetho wenkosi othi ma kusungulwe

ukulima ngenyanga yokuqala leyo yolimo. Kuthiwa uba nelishwa umntu owudelayo lo nthetho. (c) AMABUTHO. Xa inkundla inomcimbhi ofuna abantu bebutho elithile nokuba lelabafazi, nokuba lclabafana, kuhlatywa umkhosi imenyezwe loo nto endulini le isentla kwekomkhulu ekuseni ngoms'-obomvu, ukuze esi simemo sivakalise igama lomntwana. wenkosi oyintanga yelo butho. Baya kuza ke bonke, wayi, wayi, wayi, baphelle enkundleni loo mini. He!

Ndisawaycka ke apha amasiko omthetho kamthetho.

Ngoku ndiza kukhe ndenze aimabal'engwe ngale nyamakazi kuthiwa liQhude. Ma ndiqale ngokuthi ngomnyaka we-1924 kwavakaliswa kwiMvo ukuba naanko kubonwe inyamakazi enkulu engaziwayo elalini yamaNtinde akwa-Loyilane, inga ngenkatyana yenkomio, empondo zizibhebhelele, yathinjwa, kwafuniselwa kuncne ukuthi ingaba sisilo sini na?

Kude kwavela amarhanuga ayiqondayo athi liqhude, emakube livela czifameni zamaBhulu ecala langaseNgquushwa apha kusekho amahlathi amakhulu. Kwathiwa makube iduke nokwena oku kwelizwe emva kweemvula yada yothuka se isemaiXhoseni. NgesiNgesi yi "Koodoo". Ithandana namahlathi. Izimbho zayo ziyelele kwezenkomio. Emasimini ikhetha izikhwebu zodwa zoimbhona okanye izimbha, iyivunc kanobom intsimi yomntu. Nje ngoko amasimi alapha ekude namakhaya (15 miles) izixeko ziya shiyya ngexesha lolimo nokukhula kokutya kuye kuhlaliwa emaphempeni angasemasimini kugitywa amaqlhude la (nemfene) kuxwaywe nemipu yokuwadubula ngenxa yokuba ayinyama etyckayo.

Izinja cziqcqeshiwcyo ziya kwazi ukwanqanda endle ziwalcqe zize nawo cbuhlanti. Ngale Krismesi (1954) kukho indoda cPalapyc ebone amaqhude ama-nc evalelwce cbuhlanti

zizinja zayo ezithe zawaguqula endle zeza nawo zawaqalela  
apha ebuhlanti zawagcina ada abanjwa axhelwa iKrismesi  
emyoli esisipho sezinja.

Apha esinaleni le ndiyiphethayo yeBamaNgwato amadoda  
angabalusi beenkomo zesinala ndiwaphe inkomo yeKrismesi,  
ekuthe esayihlinza afikelwa liqhude elidlule endlwini yam  
lileqwa zizinja. Kube ngamaye-ye-ye ukusukelwa kwalo  
lijikwa ukuba likhangele phaya kubahlinzi, laza ekugqibcleni  
langena phakathi kwabo. Yeka ke kwa oko balixabelia  
ngecixengxe nezitshetshe ezo baziphethayo balidibanisa  
nenkomo le, zahlutha ezo zinja zayimipatsiya.



• I 8 •

### Ukufika komPhathi

PHAYA cBamaNgwato Koleji enziwe ada afewa amalungise-  
lelo okuza nokufika komPhathi omtsha ulsaiah D. Mkize,  
othe ke wagalelka ngolwesi-6 kwcyomQungu, Ntolanja  
(January) nosapho inkosikazi uMahlongwana neentombhi

ezimbhini uLulama (8) noYolisa (3), eyokuqala ikuStd. VI, enci iku-III.

Umfo lo sisigadangu, "indodana", esibili singqingqwa, ebuso bushumayela ukuthozama nobuntu, emandla angenakudelwa ngamakhwenkwe kuba uphuma kummombho wakwaZulu. Izingqulo zakhe zithi Gcwabe, Khalazela, kaMbho, kaGubela, kaMkhize (enye yeengotya zolibo lwabaMbho, nakubeni iingcali zamabali czizwe zisithi amaZulu ngumlibo owahlukileyo kubaMbho; emakube umlambho uMzimkhulu olikhaya lakhe lokuzalwa, njenqomda owahlula iNatal neCape Colony uzixubaxubile czi zizwe).

Njengoko isinala le ibiza kuvulwa ngomhla wama-24, ndizuze iimtsuku ezili-18 ndimalathisa zonke iinkontsentse zemeko yalapha, ngokukodwa izinto ekufuneka uRhulumente ezilungisile. Phakathi kweetitshala ezilapha ubhaqe uDodds Makunga awayefunda xesha-nye naye ngowe-1923 eLovedale naseFort Hare, uDodds lo yena ephethe icala lolimo. Kukhothelene kwa oko, kuba naye uMkize uluthanda egazini ulimo olu. Igadi yePrincipal apha yinkebhengebhe yomhlaba omkhulu oneempompo zamanzi enqatheni lelizwe elifana neNtafufu emaMpundweni.

Ukhulule ibhatyi wafaka ipeki nomhlakulo kwa zisesuka umfo kaMkize ebila esoma kwa kusasa ayikhathule imini ngomji omkhulu etyala imifuno yeentlobo zonke, phofu uMahlongwana endicela ukuba ndimnqande uwethu lo ngenxa yokuba amagqirha ascKapa ayemimiscle ngqongqo okokuba angazisebenzisi nzima hleze abuyelwe sisifo seHigh Blood Pressure awayemana esiva siso kuminyaka engaphambili. Kunzima wena ukuthintela isikhuthali entweni esiyithandayo kuba kusuke kubonakale ukuba siza kubhenela ezintongeni, kulumize nokumqobisela umfo omhlana ubanzi nosifuba siisixangxathi. Ndinqande ndinqandile le mihla

ngolo hlolyana lwam yada yavulwa ikoleji enganqandeki umntu egadini.

Zibe siixhenxe iintsuku zami naye sivuliwe isikolo, waye csivuthisa macala omabini isibane sakhe, cziklasini nasegadini. Eziklasini ubonise iziphiwo zodidi oluphezulu xa cfundisa naxa elungalungisa imeko yonke yesikolo. Egadini uthé gqolo ngokomntu osongele into ayisongeleyo. Ndide ndamshiya ekupheleni kwenyanga noko ndiziva ndingonwabanga yile nto yokuzisebenzisa nzimia kwakhe. Kweli xesha imvula ibe ngumgando, izalisa imilambho, ihambha nengqeple cyoyikekayo. Undibhalele iincwadi ezinde echaza ezo mvula nenkqubo yesikolo, waye engayekanga ukuthumela amanqaku ephepheni abelithanda kunene uMthunywa waseMtata abelikhuthalele ukuliphakela iindaba.

• 19 •

### E-BamaNgwato Koleji

NDAHLUKENE noMkize ngomhla wama-31 kwneyomQungu (Jan) ndabuyela kweleokuzalwa, ndingacingele nto ngakuba sigqibelisene, asiyi kubuya salamane emhlaben kwa kwisithuba esinganeno kweenyangga czintathu.

Imvula yona ngangobuninzi bayo ingenise ubusika benene ngalo lonke eli xesha, ekuthe kuyo yonke indlala yam ndangenelwa ngumkhuhlane wesifo sombefu (asthma) esasindiqale ekufikeni kwam kwesi sikolo, saza ngoku saya kundifaka emaggirheni aseMonti sesingenelelwce zcinye czibini

iPneumonia neBronchitis; ndayanzeleka ukuba ndihlale kanobom ngaselwandle apha.

Kwalile xa ndichacha ndagoduka ukuya cXesi, kanye ngalo mhla weshilecgu esikhulu csaziwayo sokushiywa kwami ngunyana uTengo ngesaquphe. Udaba lundifikele ndisendleleni kuloliwe cQoncc ngetelefonni endilandele se ndimkile cMonti kusithiwa eyona nyaniso ndoyinikwa cXesi ngu Gqirha uBokwc.

Ingombholo ndiyidlula ngeenyawo apha kuba iya ziwa ngokubanzi, ndaye ndimelwe kukuyizolela inzila endifake entsunguzini emnyama yehlathi leenyanga czintandathu. Kwa ngoko ndikhawulezelwe ngabegazi nabasebukhwani bckhokelwe yintoimbhi yam uNontando besithi izila leminyaka eminc ndizilele inkosikazi yani yokuqala lifikile ckuphcleni kwalo, ma ndithabathe owesibini ngesikhawu. Kwaba njalo okunenc.

Kwa kweso sithuba uthc uMkize cbhala ephepheni uMthunywa ebalisa le yam into lwafika udaba oluthi yena ngokwakhe ulishiyile ihlabathi ngesaquphe esibangelwe kanye yilaa nto ndandikrokrela yona sisekunye eBama-Ngwato Koleji. Nale indaba ndiyidlula ngeenyawo apha, kuba sendilenzile izwi ngayo kwa lapha ephepheni.

Ngezi zizathu ngendiba ndiya ziyeka ezi zidungulwana. Nto nje amava andifundisa ukuba la mianqaku, nokubhalwa kwawo, ngawona agcina umntu, nalondoloza ubuchopho esizungwini sczila. He!

## AmaQhalo EsiXhosa

NDISESEBAMANGWATO Koleji (1954) ndibone amaphepha csazisa ukuphuma kwencwadi entsha egama lithi, "Izaci namaQhalo esiXhosa" ebhalwe ngu Ezra W. M. Mesatywa, B.A. ndayithenga kwa oko. Umbhali wayo yinkunqele yetitshala yaseNxukhwebe cyakha yanethuba iscziklasini zam kudala.

Kwa isafika ezandleni ibonakele le ncwadi okokuba iyilwe ngocosecelo ngumuntu ongathanga adyuduze. Kambhe ayinyali ukuqondakala ingekafundwa incwadi eqokelelwce ngobunxhamo ngumbhali onxhamiele ukuyibona incwadi yakhe isezandleni zabantu kamsinya.

Kuya buleleka okokuba kubantu abanewonga loimsila weB.A. kube kho abanje ngoMajola lo abathabathe inkxamleko ekulondolozeni intetho yethu emandi yesiXhosa esuka yanga iza kugutuyungelwa sisiNgesi ngenxa yokukhangelerwa phantsi ingakhathalelwce ngabaniniyo.

Ebudaleni bakhe ubawo uCirha W. B. Rubusana xa esamkela iindwendwe eMonti czintlanganisweni zectyalike ubesakuyiyaleza futhi indawo yokuba ma zigcinwe izafobe zentetho yesiXhosa; oko kukuthi iintetho zobuciko ezingaphandle kwezaci namaqhalo.

Ubeyicacisa into yokuba izafobe yinto engumongezelelo kumaqhalo nezaci. Ma ndithi amaqhalo nezaci ziintetho ebe zisaziwa ngokubanzi; ngokukodwa wona amaqhalo ayevela kude emvelini yentetho yakwaNtu kanga ngokuba xa

ufunda iiDikshonari czinkulu zesiZulu nesiSuthu nesiTswana (kunye neencwadi cziwahlanganisileyo ewodwa amaqhalo esiTswana nawesiSuthu) kufumaneka emaninzi ayclele kula sinawo esiXhoseni, nanokuthi amanye kuwo atyhile iindawana czifihlakeleyo. Naangu umzekelo: Isala-kutylewa sibona ngolophu. IsiZulu sona sithi “Isala-kutshelwa sizwa ngomopho”, oko kukuthi sithi ukuze sive sifunde lutho siqale ngokwenzakala sophe. Kucacile ke apha ukuba esiXhoseni kutyedwe eli lizwi lomopho lenziwa ulophu, yalahlekha ke intsingiselo yeli qhalo kuthi, kodwa icacile ngesiZulu.

Kwakhona kumaqhalo ascencwadini kaRubusana u“Zemk'inkomo magwala ndini” kukho clithi “Into ayibethwa ngankana”. Alivakali cli qhalo esiXhoseni, kodwa ngesiTswana inkana yinto elinganayo nenyce, khon'ukuze isiXhosa sibe nentsingiselo evakalayo xa kusithiwa into ayibethwa ngento elingana nayo, koko yoyiswa yengaphezulu kunayo. Phulaphula.

Ziyindyebi izafobe zokuthetha encwadini kaRubusana (Zemk'inkomo magwalandini), incwadi cfanelwe kukuphindwa ishicilelwé okokuba le nto umona ibingekho. Zininzi izafobe kumntu ozichola-chola ngemincili nenkuthalo czincwadini zoOT. B. Soga nezikaj. H. Soga, noCandlish Koti noMqhayi, nakwiBhayibhile yesiXhosa (1927 Revised Union Version), nasezintlanganisweni zomanyano lwabalimi nezennkundla zezibonda neenkosi, aphi ungfika amadoda ekhuphisana ngokudlalisa kamandi ngeentetho czinje ngezi:—imbhuva-bathwa, umtshonyan'osethafen, iqotha-qikili, isixhekele (abaMbho bathi isixhakala), ndimnxunu, ukubek'ubilo, irhabhebhe, irhinirhongo, ngqu-sinalala, ukusinalalisa, irhathanga, inkayoyo, bhimbhilili, ukuhodozelisa ilizwi ngomngqumshelo, umximandulo, ukuqhodamisa, ukuthula shamngqe, ukuba mnyama suze, inkothovu, inkathava, impuncula, iingwexa zamchlo, igantuntu, amagwevu okuhe-

lemisa, izanyadu zamichlo, isulelebe, ndikuphangele qebeyi, ukuncuma olumbhoxo, ukutolika umil'iimpondo, njalo-njalo.

Ndisabala nto ni na, khwetha, isiXhosa siyolile nje? Ndimthanda kanye umana kaMesatywa xa athi "ukuphozisa amasoko" (endaweni yokuthi ukuphozisa amascko) esona siXhosa sicanileyo. Angazuza luhkhulu ekhe wayichithela iholide yakhe kuW. Siyo eMonti, nakuS. F. Zibi kwa-Khayakhulu, noEzekiel Oloba eMngqesha, noW. S. Gawe eKomani, noC. K. Sakwe eDutywa, noC. A. W. Sigila eNxukhwebe, noEdwin Mpinda eMt. Frere, nakumaZangwa amaninzi eNcenerha naseRhode, naseNjwaxa, amachule aamadoda aqinileyo asekhoyo oko kwashenxa iinto zoo-Makhambhi, Rubusana, Pas Koti, A. H. Maci, Songo Kama, George Tyamzashe, Fielding Haya, G. Njokweni, Fielding Tshayi, nabanye.

Nditsho kuwe wena uthi uJabavu udala amazwi amatsha aphuma entloko yakhe yedwa, kuba zikho nectitshala namhla czithi cziklasini zazo zakunqatyelwa sisiXhosa sami zilandule ngokuthi "Hayi uJabavu udala amazwi aziwa nguye yedwa angekhoyo csiXhoseni". Ibe inyaniso yona kukuba ziyanqena ukuyifunda le ntetho czincwadini zamachule: okanye azinamava mpela. Mna akukho nalinye ilizwi endili-sebenzisayo ndingalifundanga komnye umXhosa okanye kwincwadi ebhalwe ngomnye umXhosa. Ngathi uMesatywa uyaleza iintanga zakhe okokuba zisiphande kakuhle isiXhosa esi zide ziyifumane incasa yaso.

Ma ndimyale ndithi ngamana wawuqhubela phambhili lo msebenzi umandi kunene, angaphumli, kuba akakaggibi.

Ndibe ndisathi uMesatywa akakaggibi nakubeni esinike incwadi entle kunene, neya kukhe ifundise kakhulu ithuba elide. Nditsho ndisithi isafuneka incwadi eyodwa yokuchaza imvela-phi yamaqhalo ngokucikidekileyo. Umzckelo

ngulo:— Siya lazi sonke iqhalo elithi “Umkhombhe ubhembhlesile”. Livela phi? Ngentsingiselo lithetha umntu ongaqhelisiyo, nokuba kungesizathu senzondo yokufuna ukuziphindezelu, okanye iingewangu, okanye othe wanqunguka kuuphela engafuni kuncokola namntu.

Watsho ukulichaza kum uRubusana ndakumbuza esaphilile, waleka ngokuthi umkhombhe xa uqumbhile uluphakanisela phezulu uphondo ubaleke usukela into emawuyenzakalise, kuthiwe ke lumka umkhombhe ubhembhesile. Kwa khona imvela-phi yesaci esithi “Ukubuya noboya bentenetya” isekubeni inxhowa yecuba eyenziwe ngofele lwentenetya ibisakugqwethwa ukuze icala eli linoboya libe ngaphakathi, ekuthi ke xa icuba liphelile isuke imvuthuluka yalo eqongqothwayo iphume ixubene noboya obo bente-nyeta, athi ke oncazelwayo “Lo mfo undibhulele obente-nyeta”, ilizwi lokuncama. Zikho ke nezinye izaci czifuna ukutyhilwa ngokuphandwa kubantu abadala ngokukodwa amanqhawa.

Kukho isaci athi uMesatywa asiqondakali (643) “Liya gaya liya cola eli lityc”, ngenxa yokuba ucinga ukuba ukugaya apha yile nto yokugaya abantu abaya emigodini yaseRhawutini. Kanti hayi. Xa umntu ebiza cli gama lokugaya kufuneka alijike ilizwi alithobe axelise naxa athi “ukudada” (emanzini). Eso ke sisiXhosa sakudala, esikhoyo nangoku kwintetho yesiZulu, ethetha ukusila, ukuze ke intsingiselo ibe kukuba eli litye lisila kamandi. Lighalo elithetha ukusila xa kusilwa umphothulo wamazimbha. He!

Emva kwexesha isaza kufunka yandisiwe le ncwadi ngemizekeliso ecatshulwe kwiinewade czininzi kuneze ajikajike kuzo okwangoku.

Ngoku ma ndiwashiye amaqlalo kaMesatywa ngelithi ngumthetho wayo lo imfundu, lo wokuba okukhona uso-ngeza ulwazi kokukhona uzeyayo uqonda ngokuqonda

ukuba kukude ebhakubha. Oku kukuthi kuyo yonke imingxilo yemfundo abona bantu banconywa ngolwazi lwabo ngabona baziqondayo bona ukuba olona lwazi luninzi lolu bangekaluzu.

Qiniseka wena ukuba umntu othi into ethile ayinakwenzeka emhlabeni ngoyena ukusweleyo ukuqonda. Kaloku ngu-Thixo yedwa ozaziyo zonke izinto kude kube kwezingaphaya kwamafu. Isizathu kukuba cyethu ingqondwana ithawulwe yabiyebla yingqondwana le yobuchopho bethu esidalwe nabo; ayikwazi ukuzinakana czinye izinto de izifundiswe ngo-waziyo ngaphezulu. Lumkela ke ukuthi ayinakwenzeka into ethile apha emhlabeni.

## • 2 I •

### UmPhilisi

PHAKATHI kwczinto ckumana kusithiwa azinakwenzeka kukuphiliswa komntu engaszwanga yeza. Yinto leyo ephikwa ngooPhikaphele balale ngomhlana ukuyiphikisa. Nam kumava endinawo ndikhe ndibabone okweziyu abaphilisi, koko ndingabi kho xa besenza isanga esi soku-philisa ngaphandle kweyeza.

Kutsha nje (ngeyeNkanga 1954) phaya kwelabcTswana sive ngendumiasi kubaliswa ngomfazi oscRhodesia uNkosi-kazi Marase Tshaza ohlala ngaseSalisbury kusithiwa unyanga, abantu ngokubathandazela kuuphela engasebenzisi yeza, engamkeli namali.

Ukuthwasa kwakhe waqala ngokugula ngumzimbha ngamandla ithuba elide, wada wanga ufile, cycle ethongweni. Wasuka wee-balulu ngaminazana ithile, waphakama watetha, wathi uthunyiwe nguYehova okokuba ayithutyhe iAfrika (ngaloo nyaka we1949). Okunene wajikeleza ke eshumayela enyang kuundawo ngeendawo wada wagxume ka umzi wokunyanga eKandava, wawubiza ngokuba si "Sixeko sikaYehova". Kule meko uziyilele isinxibo esisodwa esingumbhinqo welokhwe emnyama phantsi kweblawuzi ebomvu nompantshwa omhlophe ngokwamanina olwesiNe aama Wesile.

Abalandeli bakhe banxiba nje ngaye, kwaza kwasetyenziwa iculo lamaMethodi ezinkonzweni. Entshumayelweni yakhe ucinezela kumene anokoze igama likaYehova, ekude ngesi sizathu wathiwa paa ngegama lokuba ngu—"Mayi Yehova". Umyeni wakhe nguNaison Tshaza. Izindlu zesi sixeko ezimiswe buphuthu-phuthu ngenxa yokunxhama kwabantu zafulelwa nge-ncha, kuba incha kula mazwe inga ngomntu. Inani lazo ngama-500. Ngempela-veki baya fika ewakeni abantu abaza empilisweni yakhe. Ekhayeni apha kudalwe isithabazi senkundla apho ifikela khona imilwelwe ihlaliswe ezibhankini czinde kunenc, ukuze uludwe ngalunye luhlale ama-300 nama-400.

Umphilisi lo ukha amanzi ngendebe, awathandazole, ehle ke ngoludwe abathontsizele ngawo abaguli ethandaza njalo. Abanye baya phila, bambhi bangaphili. Uthi yena kuya ngokokholo lwabo. Zikho iimfele zokunqhina impumelelo yokuphilisa kwakhe, naanzi:— Kukho inkwenkwe enguBhiya cyaziwayo isisithulu nesimumu. Iya thetha ngoku. Ititshalakazi enguMrs. M. Mabiza cyagula nzima iminyaka emininzi ithe yakuza apha yaphila qete ngeveki enye. Isihadiba sesityebi esinguDominiko siyifumene impilo besesiyincamile, saye simncoma umphilisi lo singawuhlanganisi umlomo.

Omnye umfo ominyaka isixhenxe efc imilenze unyangiwe; uya haimbha kunamhla. Le mizekeliso yeyabantu abanbalwa abaqondwa kakuhle ngabemi beli lizwe, kanti ihleli inyambhalala yabaphilisiweyo enokukhankanywa ngamakhulu-khulu. He!

• 22 •

### AbaPhilisi

LENKOSIKAZI kaTshaza cphilisayo ibayaleza bonke abaguli okokuba baziphathc ngesimilo sokuzithoba nokusulungeka, bawangenise eCaweni amagama abo bazikhethele iBandla abakholwa lilo xa begodukile. Yena uwaxhasa onke amabandla etyalike akhoyo. Into esisimanga kukuba uTshaza, nakubeni eneminyaka cphilisa akafuni nepeni emntwini, kanti siva kusithiwa kukho abaqala ngokuthi abafuni mali, kodwa bajike phakathi bayikhongozele ngezikotile. Phaya eAmerika kukho umphilisi ogama linguTata Divine ohlala-eNew York, U.S.A. unconwywa ngokuba sisityebi esingawothiyo umlilo ngenxa yenzinzilikihla yemali ayiqokelele ngetyalike entsha yakhe. Kweli lethu ilizwe amaphepha abelungu aseNatal apapasha udaba lokuba umphilisi ongu-Shembe ekuswelekeni kwakhe ushiye ikhupha lamawaka alishumi eponti kwilifa lakhe. Asazi nto ke ngabanye eKoloni abadluleyo kwishumi clivayo labaseki bamabandla amatsha, kodwa omnye kubo owaqala engumntu oyinkwambha wagqibela gokumisa izikolo neesinala; omnye eKapa kubaliswa ukuba wayegalelwa iintyunkula etafileni xa ashumiayclayo; omnye kuthiwa unamaphokomela czindlu czinkulu czimanewunewu nodederu lweemoto neeLori

ezithi xa zihambha ziphuma elwandle ziye kungena eRawutini naseMafeking ezitsho abantu ababonelayo bakhaminqe. Omnye kwalapha cKoloni wajika umianyano lwakhe walenza ityalike wenza iinto zamchlo wabashiya oogxa bakhe besatya iinkobe kunye nathi.

Ndikhumbhula ekubuyeni kwam ejerusalem ngomnyaka we1928 xa dandibonisa amanzi aseJordan namatyec aseGalali kwabakho abantu abaninzi abandisebisa okokuba ndivule ityalike entsha egama lithi "Amanzi ejordane", besithi ndingayikha ngomhlakulo imali kuba akukho nto itsala abantu abantsundu ngangetyalike entsha. Ndiyicingile kakhulu lento kuba ndandinabo nobutyhifilana bobuvangeli; kodwa ndagqiba kwelokuba mandiliyekeloceebiso hleze lindiwisle isaphompolo entloko kulandele nolwawu lweshwangusha; bayc ubunkokeli boluhlobo bunerhola lweenkathazo zabo.

Kaloku apha kumndilili ubunkokeli obu bunomtsalane omkhulu ngesizathu sokuba abantu abaninzi baseckeze inzuzo enkulu xa bezuzenc negama lobunkokeli nobayiphina into, ngokukodwa ebugqobhokeni. Phofu iyabuleleka yona indawo yokuba abantu bakowethu belithanda iLizwi likaThixo nengqobhoko nokokuba yeyaluphina uhlobo. Kulungile bakhuphisane ngokunqula uThixo kunokukhuphisana ngobuginwa nobumxila nobukrelemnqa. He!



### Makulawule Ulutsha

MALUNGA neminyaka elishumi edluleyo kuvakele imikhwazo engapheliyo ethi, "Le yimini yolutsha; amaxhego wona nabanye abantu abasebequinile nabebeqhele ukukhokela imiciimbi yama Afrika baphelcelwe lixesha, mabashenxe endleni nasezihlalweni zeentlanganiso bakhwelele ulutsha, kuba ilizwe liyazika, liyatshona lisonakala bekho bengaviwa nanguRhulumente. Lulutsha oluza kuyigenga indlela. Makuvulwe kulawule ulutsha, alahlwe namasiko amadala angasancedi nto." Kunjalo nje lentetho yayiphuma kumasinala asafundayo yaza ke yaanomitsalane jikelele nakubantu abangafundanga. Lentetho inamacala amabini enokujo ngwa ngawo. (a) Abathethi bayo banemfundo ephaka-mileyo kuncqhelekileyo cluntwini. Ngesosizathu bahloniphekile elizweni clithembhe ukuthi mhlawumbhi bane-mfihlo engathi ibelusizo. Ekuhambeni kwexesha kusuke kwaphuhla amaqashiqashi nempikiswano xa kufunwa indlela yolu sindiso; kuba kuthe kanti kuqhayiswa ngayo nje ayaziwa mntu; sabona ke kungena indelwano, nokunyolana, nokunyclisa komntu wonke ongavaniyo nabantu bale mfundiso yolutsha. Ekulahlweni kwamasiko akudala kungenelele ubuginwa nokugxckwa kobutyalike nesihlava sokuphimisa laza ilizwe labonwa seliphithizela ngamantomhazana amancinci aniemeke iiintsana zawo; endaweni yemitshato yasctyalikeni kwachuma into cbizwa ngegama clithi "masihlalisanc", kwaza endaweni yengqobhoko kwa-

ngena ubuhedeni babantu abanxibayo, lwaphela kwa oko uqcqesho lwabazali. (b) Kubantu abadala ayibanga sisimanga lento kuba bona bagcine isithetho sokuba ngamava into cfundisa ingqondo emntwini nokuba ngonidala nokuba ngomncinci. Umzckelo obalulekileyo yinkundla. Kulapho amagqala afundisa amakhwenkwe amava. Umuntu omitsha kusafuneka cfunde amava. Lunokuthini na ulutsha ukuba kube lulo olufundisa abantu abadala abaphuma kwizigancko. zamandulo? Lento iyinkwenkwe esafundayo sisidenge esimelwe kukufundiswa ngamava kuba ayikakwazi ukuzithengela umhlaba, nemfuyo, nokumisa ikhaya. Into eyaziyo likhaya elimiswe nguyise, yena waliyila elizeni, walikhusela ekubhangeni. Ulutsha lona lusekeleze isisulu sokudla amafa emizi edalwe ngentsebenzo yooyise.

Umuntu othi makukhokele ulutsha emicimbhini undikhumhuza intsumi yomsila wenyoka owathi udiniwe kukukhokelwa yintloko; waza ke wanikelwa inkokelo leyo phofu uqondwa ukuba awunamehlo; umsila ukhokele wada waya kungena emlilweni yatsha yonke lonyoka yaaluthuthu ngenxa yokuba umsila kakade awunamehlo okuyibona ingozi le ibonwa yintloko enamehlo.

Inkundla le yayinguRhulumente wethu wamandulo ofanayo ngengqondo nalo wananihla uRhulumente ngecalo lokuyiqonda into yokuba ulutsha lungumsila ongenamehlo akuyibona ingozi apho ingakhona. IBhayibhile nayo ithi siyatshabalala isizwe esiswcle ukubona. Umbuzo ngulo, buphina ubunqhina bokuba abona abantu bayaziyo apho ingakhona ingozi yesizwe lulutsha olungekabi namava? Ebudaleni bam andikaluboni usindiso olunokuzuzwa ngokulandela ulutsha olungenamava anto. Anditsho ukuthi alunakubakho; koko ndithi “ndoyicela ivuthiwe”. He!

• 24 •

## Ubisi

KWENYE yecentlanganiso zomanyano lwabalimi kwakha kwenziwa intetho ngumgcini-sihlalo (umbhali lo) ngobisi. Kumanqaku aloontetho waphawula okokuba ubisi olu yinto enexabiso elibanzi ebantwini abanjengamalungu oma-nyano lwabalimi abajongene nokuvvelisa emhlabeni izinto zokondla usapho. Utsho esithi; qonda ngalento yokuba usana lukwazi ukuphila ngobisi olu lodwa. Kukho ukuba ibe lubisi lomzalikazi wosana olo, okanye ubisi lwenya-makazi inkomo negusha nebhokhwe.

Abelungu abanolwazi olunzulu basifundisa okokuba onke amathambho ethu namazinyo avela clubisini, ubisi olujikwe lwaba ligagadele elilukhuni. Nathi siyayiqonda into yokuba amazinyo namathambho akaboli naxa umniniwo efile, nokuba yinkomo efele phaya endle, nokuba sisilo esinjengenja.

Ngalowa nyaka ndandiseJiphethe (1928) ndaba nethamisa-nqa lokuboniswa amanchwaba eenkosi zakudala ooFaro abudala bukuma-4,000 eminyaka. Encwadini ethi “E-Jerusalem” ndiyichazile nento yesigancko sokuba ndisibonile isidumbhu sikaFaro lowa wayetshutshisa amaSiraycli. Nje ngoko sasiqholiwe saqwayiteka saalugagado ngamayeza azimfihlo zamajiphethe inyama yaso ayizanga ibole koko yajika yaludongwe lomhlaba zashiyeka iinwele entloko ziinje ngoko zazinjalo esaphilile, aza amazinyo namathambho asala engalawa amhla-mnenc zikhazimla nenzipho vezandla

nezenyawo nakubeni yonke into seyingumhlaba wodongwe. Lo mhlola wandimangalisa wazalisa ubungqina bemfundiso yabelungu ethi ubisi olu yindoqo yendalo kuba ludala into engaboliyo.

Into eqondwayo sithi maAfrika yeyokuba umfazi opetheyo kufuneka clufumenc walutya ngangoko anakho ubisi nomvubo wamasi. Abelungu nabo bathi umfazi okule meko makagcinane nobisi, athi ukuze angadikwa lulo aluguquguqule alutye luyi Cheese namasi nentlobontlobo zepudini zobisi. Xa enje njalo wothi ke azale igeledwane lomintwana owomecle ngokwentsimbhi, endaweni yentothovela eqoboqobo ukwaphuka lula amathambho. Kanti ke naxa umntwana esakhula, esamunya, makuzanywe yindoda yakhe ukuba oku kutya kunganqabi kumdezana. Ngenyc imini kuloliwe ndibonene netitshala emzimbha ucekethekileyo ihambha nomfo omathambo makhulu, ozandla zizizithwexeba, ingxilimbhela ngobude. Ndibuzile kutitshala ukuba ngubani na lomfo? Ndothuka yakuthi nguTata wayo. Kwa oko ndimbuzile uyise lo ngalo mahluko ungaka phakathi kwakhe nonyana, wandinika impeendulo engalibalekiyo. Utse, "Kaloku thina sazalwa ngo-kuya ilizwe lalisavulekile kusengwa inkomo. Thina sasingayazi ibhulakufesi (breakfast). Sasihlutha zizapholo zodwa simke nempahla emadlelwensi sigalele intaka sitye imigxube, ukuze sakugoduka ngokuhlwa silale ngomvubo omkhulu wesigezenga. Kwakuhluthwa lubisi ngoko. Ngoku linqongophele ilizwe, umfazi uyikhulisa inkwenkwe ngamanzi aneswekkile ne-ti, isiqhamo ibe lubivana olufana nalo mfana ndihamba naye."

Ngenxa yesi sizathu ikholisa ukuba nkulu ingxoxo czi-ntlanganisweni zethu zabalimi malunga namacebo okwandidsa ubisi emakhayeni ethu; ongafika kukho amacala amabini engxoxo, elinye lilula, elinye linzima: Elilula lelithi

masicele uRhulumente asandisele umhlaba namadlelo, khon' ukuze sikhazi ukwandisa imfuyo yenkomu njenga mandulo kuba abantu bandile kanti umhlaba awandanga. Icalalenzima lona lithi masifuye inkomo zohlobo lwamasi amaninzi ukuze kumzi ngamnye kufuywe intsengwanekazi ibenye eyosengwa ilizalise ithunga iyodwa apho namhlanje sigcina ishumi lonke lezaqhakra czizalisa ithunga clinyc zisitya incha yesithabazi selizwe. Yothi le ntsengwanekazi iyodwa ilinyelwe intsimi epheleleyo yokuyondla ngehabile, nokuba yirasi, nokuba yiLucerne. Inkabi zokulima zoba mbhini kuphela zibe ngamaqukunya cenyathi czilingenwe yipuluwa encinci endaweni yesipani seembhityo czimosha idlelo. Bakhó ngoku abadibaniclana ngokuthenga okanye ngokuqesha iTractor, bahlukane mpela nesipani. Litsho ixesha kuba iyanokozwa nguRhulumente into yokuba akazimisele kongeza mhlabu. Ngoko ke sithi ekufuneka songeze ingqondo yokufunda ukulima wonke umhlaba esinawo ngehashi clinyc nokuba yimbhongolo (mule) ngo-kwendlela yamaMelika wona athi imbhongolo enye iayilima iyigqibe iyihlakule iyivunc intsimi engamashumi amane eeAkile, apho ubuchopho busctyenziswayo ngumntu okhutheleyo. Kaloku Thina siyanqena ukubusebenzisa ubuchopho lwaye olona lutshaba lukhulu bubuvila nokubutha ezindywaleni kwa nokubalekela czidolophini zabellungu siwashiyemaphandle apho likhona elona khaya lethu. URhulumente uya cyiqinisa imithetho ebonisa ukuba idolophu le yindawo yabelungu nelifa labo atsho cyithetha tyhatyhasini into yokuba ikhaya lomntu ontsundu lisemaphandleni.

Okunene aya encitshiswa amalungelo ethu edolophini ngenxa yenjongo (policy) yokuba thina singabahambheli nezicaka zomlungu oyena mnini ndawo; kungoko ke sinyanzelekile ukuyibhadlisa intlalo yethu yasemaphandleni

ngokufuna amacebo okuqweba inkomo zobisi ezhlisayo. Zona zizuzwa czikolweni zolimo nakuba-bonisi lulimo (demonstrators), nakumafama amhlophe anovelwano nomntu ontsundu.

Ngalinye, ubisi olu yindoqo yempilo ukuqalela kwilixa lobuncinci kuse ekwaluphaleni, yaye ibanzi kanye imfundonentsebenzo ephathelele clubisini.

• 25 •

### IziNqulo

IZIDUKO neziNqulo zamaXhosa ngumcimbhi ongenasiphelo kumntu owuthandayo nonyamekele ukuba imvelaphi yethu ingapheleli kumaqashi-qashi kumiaxesha azayo.

Encwadini yethu "Imbhumbha yamaNyama" kushicilelo lokuqala (1952) zibe ngama-93 izinqulo esizihlanganisileyo; kolwesibini, 1953, siziqhubele phambhili sayakuthi xhaxhe nge-162; ngoku (1957) nje ngoko sibhalayo ezi zidungulwana simi nge-171, kanti kusuke kwavela neendawana-andawana ezibonakcle zifuna ukulungiswa; okanye ukongezwa. Naazi:—

Kumajwara la alandela amaCira, emva koSongcangcashe fakela uMtika; kwisiThathu (15) emva koSitsumo kunge-niswa u "Msenge usebaleni"; kumaTshonyane (36) emva koSawa kufakelwa uSizila, Tazi; kumaMfene (42) emva koLise kuthiwa masicime uMagwentshu sifake uCanzi; phaya kumaMpondonise (48) sifumene ukuba abanye ooMa-

ola benjenje ukunqula; Majola, Thwane, Msithcka, Sabelo, Fulela mfaz'olivila wanetha, linyuke ke inani ku-162 liye ku-163; kumaXesibe (a) phantsi kwama (53) guqula uPhalo kaNxele, umenze abe nguTalo kaNxele; kumaMpondemva kwama (70) kumaZotsho aamaBambha, ngoku sifakela amaaSilango, Silangwe (Zotsho), Nyawuza, Thahle, Hlambhangobubende, linyuke ke inani liye kwi-164; kuma-Tshezi (81b) fakela uNdela; phaya kumaDlangathi (89) emva koNtsazini yithiMngeya; emva kwamaReledwane (93) fakela uMasoka, Ntanzi, Dedeza, Mzimkhulu, Roli. Phakathi kumaXaba (97), emva koNonxas'uyakhathala fakela ingcaciso ethi ("No-nxa sukuba uyakhathala, oko kukuthi uyaquimbha"); phantsi ko(103) ezi zinqulo zimiswa ngale ndlela; "Ndlovu, Jiyana, Ngonyama, boyo benyathli, Ncobo, Malunga, Mpepethi, Mlandu, Mntungwa, Gengezi, Ndlovu zidl'ekhaya ngokuswel'umalusi". Phantsi ko(105) fakela inkcazelothi:

"UJames Ntshona, (1955) uthi kuthiwa Goma, Tsengwa, Hlambhisa; kukho isibuliso esinguGOLELA kumanNkomo endlu yakwaMazwi, Masiza, Kutta, kunye namaNkomo azibiza ngoNkomo, kanti isibuliso samaNkomo endlu kaNtshona onguGalela sithi Ntswahlana, Phango, Khwezi".

Emva ko(110) Zengele kukho uMaloyi, Mbhuyisa, othi alinyuse inani liye ku(165); phantsi koBikane (115) emva koMafu kufakelwa uNonjogo, Sikhubane umthi ophungwa ngembhetho, oko kukuthi ngobisi.

KumaBhele emva kwamaDongo (116) kufakelwa awakkwaDlambhulo, Nkomo zikaVaphi, Mnconywa, zika-Nokrele, zikaSiphafu, Ntshangase, Mnomanec, Nontanda-  
ngqungquthela, Mabedlana'akoMbikazi abangadli mbilini wempahla, badl'umbilini wencamazane, azicana zinuk' intsundwane; linyuke ke inani liye ku(166).

Phaya ku(127) hlomela uNdulula, Dlula. Kukho nama-

Bhele akwaSonani, Ntshantsho, athi enze inani liye ku(167); emva koMjoli (143a) fakela "amabhabha namhlchlo"; ku(159) (j) emva ko "wakwaMvulana" hloomela uJila, Bhakubha, Ntlenzekazi. Ku(41a) fakela emva koNqeno uNgantumbha.

Ngoku inani le(168) lithi amaNci (Zotsho), Mbhali, Mdludla, Bekile, Tshitshis'ntaba, Nto zinde zinemiqala, Umthi owawa wabhekis'amasebe cluThukela, Gcina Maqholo. (169) MaJange (Zotsho) MaChi, Nondaba czigobeleni. Lawu, Lisela, Ndenza, Xabanis'abantu belungisa, Siduli sentsingisi. (170) UXolo kaMbibe, uSinda (Mgolombhane) limqosho lisentla kwengalo, uMambh'czimbhini czafa ngamini-nye, Umth'omkhulu ongenamaggabi, owathi ukuwa kwawo wawela ngasexhegwini kwalil'amadoda; (171) UmButhuma kaMbhekeni, uHelushe, uDebe limdaka, uSiximbh'csimila ematyeni njengetshongwe, UmSuthu.







UGqira uD. D. T. Jabavu, inkokheli ebalulekileyo  
kwisizwe esiNtsundu, umbali wezi ncwadi: *E-India nase*  
*East Africa, EJerusalem nezinye*, ngoku ubuye wasiphakela  
kuloo ndycko yakhe yamava ngokubala amabali  
amafutshane okuvula iingqondo nokusonwabiso. Iqela  
lawo lingamazwana ascluTswana apho wayebambe  
khona ezobungqonyela kwiKoleji yase Bamangwato  
ngo 1954.

MASKEW MILLER LTD.